16. (1) The National Treasury must, within 14 working days after this Act takes effect, publish by notice in the *Gazette*— 40
- (a) the conditional allocations per municipality for Part B of Schedule 5 allocations;
- (b) the indicative conditional allocations per province for Part A of Schedule 6 allocations and per municipality for Part B of Schedule 6 allocations; and
- (c) the framework for each conditional allocation in Schedules 4 to 7. 45
- (2) For purposes of correcting an error or omission in an allocation or framework published in terms of subsection (1)(a) or (c), the National Treasury must—
- (a) on its initiative and after consultation with the relevant transferring officer; or
- (b) at the written request of the relevant transferring officer, 50
- by notice in the *Gazette*, amend the affected allocation or framework.

- (a) izizathu zokunkonywa okanye zokumiswa kwazo zonke iimali zokudluliselwa kwiphondo okanye kumasipala ngokwecandelo 18 okanye 19;
- (b) ukuba kuye kwabekw' esweni kangakanani ukwenziwa kokufunwa ngulo Mthetho ngamaphondo okanye ngoomasipala;
- (c) ukuthi isabelo-mali sizifeze kangakanani iinjongo zaso; nokuthi 5
- (d) kubekho kusini na ukungenziwa kokufunwa ngulo Mthetho, namanyathelo athatyathiweyo ukulungisa ukungenziwa.
- (3) Izitimenti zemali zika-2020/21 zesebe lephondo elinoxanduva lokwamkela isabelo-mali esikwiShedyuli 4, 5 okanye 7 kufuneka, ukongezelela nakweyiphi na imfuneko yawo nawuphi na omnye umthetho wepalamente— 10
- (a) zibonise isixa-mali sisonke sazo zonke izabelo-mali ezifunyenweyo;
- (b) zibonise isixa-mali sisonke sezabelo-mali ezifunyenweyo ebezilondolozelwe ukudluliselwa koomasipala nakumaqumrhu karhulumente, kuquka—
- (i) izixa-mali ezidluliselwe koomasipala nakumaqumrhu karhulumente; kwakunye 15
- (ii) nezizathu zokungafani okukhoyo;
- (c) zibonise isixa-mali sisonke seyona nkitho eyenziweyo kwisabelo-mali ngasinye seShedyuli 5 okanye 7; zize
- (d) ziqinisekise ukuba zonke iimali zokudluliselwa zezabelo-mali zeShedyuli 4, 5 neyesi-7 eziya kumaphondo zafakwa kwi-akhawunti eyintloko yasebhankini yephondo. 20
- (4) Ingxelo yonyaka ka-2020/21 yesebe lephondo elifumana isabelo-mali seShedyuli 4, 5 okanye 7 kufuneka, ukongezelela kuyo nayiphi na imfuneko yawo nawuphi na omnye umthetho wepalamente—
- (a) ibonise ukuba isebe lephondo likwenze kangakanani okufunwa ngulo Mthetho; 25
- (b) ibonise amanyathelo athatyathiweyo okulungisa ukungakwenzi okufunwa ngulo Mthetho;
- (c) ibonise ukuba isabelo-mali sizifeze kangakanani iinjongo zaso;
- (d) iqulathe nayiphi na enye ingcombolo enokuthi ixelwe kwimida-nkqubo yesabelo-mali; kananjalo 30
- (e) iqulathe enye ingcombolo enokuthi ifunwe nguVimba weMali yeSizwe.
- (5) Izitimenti zonyaka zika-2020/21 nengxelo yonyaka kamasipala ofumana isabelo-mali seShedyuli 4, 5 okanye 7 kufuneka zilungiselelwe ngokweMunicipal Finance Management Act. 35
- (6) Ukukwenza kube lula ukubekw' esweni kwendlela eziqhuba ngayo nokuhlolwa kwezabelo-mali zonyaka-mali zika-2020/21, uVimba weMali yeSizwe unokwenza isigqibo ngemo emakathi amagosa amkelayo enze ingxelo ngezabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko eziya koomasipala ngokwamacandelo 11(2)(c) no-12(2)(c).

iNxalenye 3

40

Imicimbi emalunga nezabelo-mali zeShedyuli 4 ukuya kweyesi-7**Ukupapashwa kwezabelo-mali neenkqubo-mida**

- 16.** (1) UVimba weMali yeSizwe kufuneka, zingekapheli iintsuku ezili-14 uqalile ukusebenza lo Mthetho, apapashe ngesihlokomiso kwiGazethi—
- (a) izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko zomasipala ngamnye kuzizabelo-mali zeNxalenye B yeShedyuli 5; 45
- (b) izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko ezibonisa nto ithile ngephondo ngalinye kuzizabelo-mali zeNxalenye A zeShedyuli 6 nangomasipala ngamnye kuzezeNxalenye B yeShedyuli 4 ukuya kweye-7.
- (2) Ngenjongo yokulungisa impazamo okanye yokwenzanga obekufanele kwenziwe kwisabelo-mali okanye kwinkqubo-mida epapashwe ngokwecandelwana (1)(a) okanye (c), uVimba weMali yeSizwe kufuneka— 50
- (a) ngokunokwakhe nasemva kokubonisana negosa elidluliselayo elichaphazelekayo; okanye
- (b) xa kucele ngembalelwano igosa elidluliselayo elichaphazelekayo, ngesihlokomiso kwiGazethi, enze utshintsho kwisabelo-mali esichaphazelekayo okanye kwinkqubo-mida; 55

(3) The National Treasury may, after consultation with the relevant transferring officer and by notice in the *Gazette*, amend an indicative conditional allocation in Schedule 6 published in terms of subsection (1)(b).

(4) Before amending a framework in terms of subsection (2), the National Treasury must submit the proposed amendment to Parliament for comment for a period of 14 days when Parliament is in session. 5

(5) An amendment of an allocation or framework in terms of subsection (2) or (3) takes effect on the date of publication of the notice in the *Gazette*.

Expenditure in terms of purpose and subject to conditions

17. (1) Despite any other legislation to the contrary, an allocation referred to in Schedules 4 to 7 may only be used for the purpose stipulated in the Schedule concerned and in accordance with the applicable framework. 10

(2) (a) A framework may provide for components within a conditional allocation that are subject to specific conditions.

(b) A transferring officer may shift funds from one component to another— 15

(i) after consulting the relevant receiving officer;

(ii) with the approval of the National Treasury; and

(iii) in accordance with the applicable appropriation legislation.

(c) The National Treasury must publish a notice in the *Gazette* of a shift of funds in terms of paragraph (b). 20

(3) A receiving officer may not allocate any portion of a Schedule 5 allocation to any other organ of state for the performance of a function, unless the receiving officer and the organ of state agree on the obligations of both parties and a payment schedule, the receiving officer has notified the transferring officer, the relevant provincial treasury and the National Treasury of the agreed payment schedule and— 25

(a) the allocation—

(i) is approved in the budget for the receiving provincial department or municipality; or

(ii) if not already so approved—

(aa) the receiving officer notifies the National Treasury that the purpose of the allocation is not to artificially inflate the expenditure estimates of the relevant provincial department or municipality and indicates the reasons for the allocation; and 30

(bb) the National Treasury approves the allocation; or

(b) the allocation is for the payment for goods or services procured in accordance with the procurement prescripts applicable to the relevant province or municipality and, if it is an advance payment, paragraph (a)(ii) applies with the necessary changes. 35

(4) The receiving officer must submit a copy of the agreement envisaged in subsection (3) to the transferring officer and the National Treasury before payment is made. 40

(5) For purposes of the implementation of a Schedule 6 allocation to a municipality—

(a) Eskom Holdings Limited may receive funds directly from the transferring officer of the Department of Energy; or

(b) a water board, as defined in section 1 of the Water Services Act, 1997 (Act No. 108 of 1997), may receive funds directly from the transferring officer of the Department of Water and Sanitation. 45

(6) (a) For purposes of the Human Settlements Development Grant, a receiving officer and a municipality with level one or two accreditation or functions assigned in terms of section 126 of the Constitution to administer all aspects, including financial administration of a national housing programme (herein called “assigned functions”) as at 1 April 2020, must, by the date determined by the National Treasury— 50

(i) enter into a payment schedule; and

(3) UVimba weMali yeSizwe unokuthi, emva kokubonisana negosa elidluliselayo elichaphazelekayo nangesihlokomiso kwi*Gazethi*, enze utshintsho isabelo-mali esixhomekeke kwiimeko esibonisa nto ithile kuShedyuli 6 esipapashwe ngokwecandelwana (1)(b).

(4) Ngaphambi kokuba enze utshintsho kwimida-nkqubo ngokwecandelwana (2), uVimba weMali yeSizwe kufuneka angenise ePalamente utshintsho alucebayo ukuze kuvakaliswe izimvo ngalo ithuba eliziintsuku ezili-14 xa iPalamente ihleli.

(5) Utshintsho kwisabelo-mali okanye kumda-mgaqo-nkqubo ngokwecandelwana (2) okanye (3) luqala ukusebenza ngomhla wokupapashwa kiwesihlokomiso kwi-*Gazethi*.

Inkcitho ngokwenjongo nangokuxhomekeka kwiimeko

17. (1) Kungakhathaliseki ukuba uthini omnye umthetho wepalamente otsho okuchasene nalo, isabelo-mali ekuthethwe ngaso kwiShedyuli 4 ukuya kweye-7 sinokusetyenziselwa kuphela injongo exelwe kwiShedyuli leyo nangokuvumelana nomda-mgaqo-nkqubo osebenza kuloo meko.

(2) (a) Umda-mgaqo-nkqubo wesibonelelo esixhomekeke kwiimeko unokwenza ukuba kubekho amacandelo ngaphakathi kwisibonelelo axhomekeke kwiimeko ezithile.

(b) Igosa elidluliselayo lingadlulisela iimali ukusuka kwelinye icandelo ukuya kwelinye—

- (i) emva kokubonisana negosa elamkelayo elichaphazelekayo;
- (ii) ngemvume kaVimba weMali yeSizwe; kananjalo
- (iii) ngokuvumelana nomthetho wepalamente wolwabiwo-mali osebenza kuloo meko.

(c) UVimba weMali yeSizwe kufuneka apapashe isihlokomiso kwi*Gazethi* sokudluliselwa kweemali ngokwesiqendu (b).

(3) Igosa elamkelayo alivumelekanga inxalenye yesabelo-mali yeShedyuli 5 liyabele nakweliphi na icandelo likarhulumente ukuze kwenziwe umsebenzi, ngaphandle kokuba elo gosa elamkelayo necandelo likarhulumente bayavumelana ngeembopheleleko zabo bobabini nangeshedyuli yentlawulo, libe igosa elamkelayo lilazisile igosa elidluliselayo, novimba wemali wephondo ochaphazelekayo noVimba weMali yeSizwe libazisa ngeshedyuli yentlawulo ekuvunyelwene ngayo, kunjalonje—

(a) isabelo-mali—

- (i) sibe sivunyiwe kuhlalho-lwabiwo-mali lweesebe lephondo elamkelayo okanye lukamasipala; okanye
- (ii) ukuba asikavunywa—

(aa) igosa elamkelayo lazisa uVimba weMali yeSizwe ukuba injongo yesabelo-mali asikokuwenza abonakale emakhulu amanani oqikelelo lwenkcitho esebe lephondo elichaphazelekayo okanye kamasipala kwaye libonisa izizathu zesabelo-mali; kwaye

(bb) uVimba weMali yeSizwe uyasivuma isabelo-mali; okanye

(b) isabelo-mali sesokuhlululwa kwempahla okanye iinkonzo ezifunyenwe ngokuvumelana nomgaqo-nkqubo wokulawulwa konikezelwano lwezinto ezithengwayo okanye umgaqo-nkqubo wokuthenga wephondo elichaphazelekayo okanye umasipala, kuze kuthi, ukuba kuhlululwa tanci, kusebenze isiqendu (a)(ii) kubekho nje utshintsho olunokuthi lufuneke.

(4) Igosa elamkelayo kufuneka lingenise ikopi yesivumelwano ekucingwa ngaso kwicandelwana (3) kwigosa elidluliselayo nakuVimba weMali yeSizwe ngaphambi kokuba kuhlululwe.

(5) Ngenjongo yokusenza sisebenze isabelo-mali seShedyuli kumasipala—

(a) uEskom Holdings Limited unokuthi afumane iimali zivela ngqo kwigosa elidluliselayo leSebe laMandla; okanye

(b) ibhodi yamanzi, njengoko ixelwe kwicandelo 1 le*Water Services Act, 1997* (uMthetho 108 ka-1997), inokuthi ifumane iimali zivela ngqo kwigosa elidluliselayo leSebe laManzi noGutyulo.

(6) (a) Ngenjongo yeSibonelelo soPhuhliso Lokwakhelwa Kwabantu, igosa elamkelayo kunye nomasipala ongqinelwe kwinqanaba lokuqala okanye lesibini okanye onemisebenzi eyabelwe ngokwecandelo 126 loMgaqo-siseko ukuba alawule zonke iinkalo, kuquka ulawulo lwezimali lwenkqubo yokwakhelwa kwezindlu ezwenilonke (ebizwe apha ngokuthi “yimisebenzi eyabelweyo”) ngomhla kaEpreli 1, 2020, kufuneka kuthi kufika umhla ogqitywe nguVimba weMali yeSizwe—

- (i) abe sele engene kwishedyuli yentlawulo; kananjalo

- (ii) submit, through the relevant provincial treasury, the payment schedule to the National Treasury.
- (b) If a municipality receives accreditation after 1 April 2020, the National Treasury may approve that paragraph (a) applies to that municipality.
- (c) If the transfer of the Human Settlements Development Grant to a municipality with assigned functions is withheld or stopped in terms of section 18 or 19, the receiving officer must request the National Treasury to amend the payment schedule in terms of section 24. 5
- (7) If a function, which is partially or fully funded by a conditional allocation to a province, is assigned to a municipality, as envisaged in section 10 of the Municipal Systems Act— 10
- (a) the funds from the conditional allocation for the province for the function must be stopped in terms of section 19 and reallocated in terms of section 20 to the municipality, which has been assigned the function;
- (b) if possible, the province must finalise any project or fulfil any contract regarding the function before the date the function is assigned and, if not finalised, the province must notify the relevant municipality and the National Treasury; 15
- (c) any project or contract regarding the function not finalised or fulfilled at the date at which the function is assigned, must be subjected to an external audit and the province and the municipality must enter into an agreement to complete the project or fulfil the contract through ceding it to the municipality; 20
- (d) money that is retained by the province for any contract related to the function that is not ceded to the municipality must be spent by 31 March 2021 and shall not be available in terms of section 30 of the Public Finance Management Act or section 22(2); 25
- (e) the receiving officer of the province must, within seven days after the function is assigned, submit to the transferring officer and the National Treasury a list of liabilities that are attached to the function, but that were not transferred to the municipality, to provide for the adjustment of the applicable allocations; and 30
- (f) the receiving officer of the municipality must, within one month from the date of the stopping of funds in paragraph (a), submit to the transferring officer a revised plan for its planned expenditure. 35

Withholding of allocations

- 18.** (1) Subject to subsections (2) and (3), a transferring officer may withhold the transfer of a Schedule 4 or 5 allocation, or any portion thereof, for a period not exceeding 30 days, if—
- (a) the province or municipality does not comply with any provision of this Act; 40
- (b) roll-overs of conditional allocations approved by the National Treasury in terms of section 22 have not been spent; or
- (c) a satisfactory explanation is not given for significant under-expenditure on previous transfers during the 2020/21 financial year.
- (2) If an allocation is withheld in terms of subsection (1), it suspends the applicable payment schedule, approved in terms of section 23(3), until it is amended in terms of section 24. 45
- (3) The amount withheld in terms of this section in the case of the Health Professions Training and Development Grant or the National Tertiary Services Grant listed in Part A of Schedule 4 may not exceed five per cent of the next transfer as contained in the relevant payment schedule. 50
- (4) A transferring officer must, at least seven working days before withholding an allocation in terms of subsection (1)—
- (a) give the relevant receiving officer—
- (i) notice of the intention to withhold the allocation; 55
- (ii) an opportunity to submit written representations as to why the allocation should not be withheld; and
- (iii) the period within which to submit written representations; and

- (ii) angenise, esebenzisa uvimba wemali wephondo ochaphazelekayo, ishedyuli yentlawulo eyingenisa kuVimba weMali yeSizwe.
- (b) Ukuba umasipala ufumana ukungqinelwa emva koEpreli 1, 2020, uVimba weMali yeSizwe unokuthi ayivume eyokuba isiqendu (a) sisebenza kuloo masipala.
- (c) Ukuba ukudluliselwa kweSibonelelo soPhuhliso Lokuhlaliswa Kwabantu kumasipala onemisebenzi eyabelweyo kuyankonywa okanye kuyamiswa ngokwecandelo 18 okanye 19, igosa elamkelayo kufuneka licele uVimba weMali yeSizwe ukuba enze utshintsho kwishedyuli yentlawulo ngokwecandelo 24. 5
- (7) Ukuba umsebenzi, oxhaswa ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo ngesabelo-mali esixhomekeke kwiimeko esiya kwiphondo, wabelwa umasipala, ngendlela ekucingwa ngayo kwicandelo 10 le*Municipal Systems Act*— 10
- (a) iimali ezivela kwisabelo-mali esixhomekeke kwiimeko sephondo salo msebenzi kufuneka simiswe ngokwecandelo 19 size sabiwe ngokwabiwe ngokutsha ngokwecandelo 20 sisiya kumasipala, owabelwe loo msebenzi; 15
- (b) ukuba kunokwenzeka, iphondo kufuneka ligqibezele naliphi na iphulo okanye lifezekise nasiphi na isivumelwano esingomsebenzi ngaphambi komhla wokwabelwa loo msebenzi, kuze kuthi ukuba aliligqibezelanga, iphondo kufuneka lazise umasipala ochaphazelekayo noVimba weMali yeSizwe; 15
- (c) naliphi na iphulo okanye isivumelwano esingomsebenzi ongagqityezelwanga okanye ongafezekiswanga ngomhla owabelwe ngawo umsebenzi lowo, kufuneka uhlolwe ngabantu bangaphandle kwaye iphondo nomasipala kufuneka bangene kwisivumelwano sokuligqibezela iphulo okanye sokufezekisa isivumelwano ngokusinikezela kumasipala; 20
- (d) imali egcinwa liphondo iyeyesivumelwano esinento yokowenza nomsebenzi onganikezelwanga kumasipala kufuneka ibe sele isetyenzisiwe ngoMatshi 31, 2021 kwaye ayiyi kufumaneka ngokwecandelo 30 le*Public Finance Management Act* okanye ngokwecandelo 22(2); 25
- (e) igosa elamkelayo lephondo kufuneka, zingekapheli iintsuku ezisixhenxe emva kokuba wabiwe umsebenzi, lingenise kwigosa elidluliselayo nakuVimba weMali yeSizwe uludwe lwamatyala ahambisana naloo msebenzi, kodwa abengadluliselwanga kumasipala, ukuze kwenziwe uhlehlengiso lwezabelo-mali ezisebenza kuloo meko; kanaanjalo 30
- (f) igosa elamkelayo likamasipala kufuneka, ingekapheli inyanga enye ukusuka kumhla wokumiswa kweemali kwisiqendu (a), lingenise kwigosa elidluliselayo isicwangciso esenziwe ngokutsha senkcitho yakhe ecetywayo. 35

Ukunkonywa kwezabelo-mali

18. (1) Ngokulawulwa licandelwana (2) nele-(3), igosa elidluliselayo linokuthi likunkonye ukudluliselwa kwesabelo-mali seShedyuli 4 okanye 5, okanye inxalenye yaso, ithuba lexesha elingagqithiyo kwiintsuku ezingama-30, ukuba—
- (a) iphondo okanye umasipala akakwenzi okufunwa kokutshiwo ngulo Mthetho; 40
- (b) iimali ekugqithwa nazo zezabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko ezivunye nguVimba weMali yeSizwe ngokwecandelo 22 azisetyenziswanga; okanye
- (c) akunikwanga nkcazelo eyanelisayo ngokungasetyenziswa okukhulu kangaka kweemali ezidluliselwe kwixesha elingaphambili kunyaka-mali ka-2020/21.
- (2) Ukuba isabelo-mali sinkonyiwe ngokwecandelwana (1), siyayinqumamisa ishedyuli yentlawulo esebenza kuloo meko, evunye ngokwecandelo 23(3), de sibe senziwe utshintsho ngokwecandelo 24. 45
- (3) Isixa-mali esinkonyiweyo ngokweli candelo xa kusiSibonelelo soPhuhliso loQeqesho kwimiSebenzi yezeMpilo noPhuhliso okanye kwiSibonelelo seeNkonzo zeMfundo Ephakamileyo eZwenilonke ezidweliswe kwiNxalenye A yeShedyuli 4 asivumelekanga ukuba sigqithe kwisihlanu ekhulwini semali eza kudluliselwa elandelayo njengoko kuqulethwe kwishedyuli yentlawulo echaphazelekayo. 50
- (4) Igosa elidluliselayo kufuneka, ubuncinane kusasele iintsuku ezisixhenxe zaphakathi evekini ngaphambi kokuba sinkonywe isabelo-mali ngokwecandelwana (1)— 55
- (a) linike igosa elamkelayo elichaphazelekayo—
- (i) isaziso sokuba lizimisele ukusinkonya isabelo-mali;
- (ii) ithuba lokuzithethelela ngokubhala lixele isizathu sokungavumelani nokunkonywa kwesabelo-mali; kunye
- (iii) nethuba lexesha emalingapheli lingakutshongo oko lifuna ukukutsho kubhaliwe; kanaanjalo 60

(b) inform the relevant provincial treasury and the National Treasury, and in respect of any conditional allocation to a municipality, also the provincial department responsible for local government of the withholding.

(5) A notice envisaged in subsection (4)(a)(i) must include the reasons for withholding the allocation and the intended duration of the withholding to inform the amendment of the payment schedule in terms of section 24. 5

(6) (a) The National Treasury may instruct, or approve a request from, the transferring officer to withhold an allocation in terms of subsection (1) for a period longer than 30 days, but not exceeding 120 days, if the withholding shall—

- (i) facilitate compliance with this Act; or 10
- (ii) minimise the risk of under-spending by the relevant provincial department or municipality.

(b) When requesting the withholding of an allocation in terms of this subsection, a transferring officer must submit to the National Treasury proof of compliance with subsection (4) and any representations received from the receiving officer. 15

(c) The transferring officer must again comply with subsection (4) when the National Treasury instructs, or approves a request by, the transferring officer in terms of paragraph (a).

Stopping of allocations

19. (1) Despite section 18, the National Treasury may, in its discretion or on request of a transferring officer or a receiving officer, stop the transfer of a Schedule 4 or 5 allocation, or a portion thereof, to a province or municipality— 20

(a) in the case of—

- (i) a province, if a serious or persistent material breach of this Act, as envisaged in section 216(2) of the Constitution, occurs; or 25
- (ii) a municipality, if—

(aa) a serious or persistent material breach of this Act, as envisaged in section 216(2) of the Constitution, read with section 38(1)(b)(i) of the Municipal Finance Management Act, occurs; or

(bb) a breach or failure to comply, as envisaged in section 38(1)(b)(ii) of the Municipal Finance Management Act, occurs; 30

(b) if the National Treasury anticipates that a province or municipality shall substantially underspend on the allocation, or any programme, partially or fully funded by the allocation, in the 2020/21 financial year; or

(c) for purposes of the assignment of a function from a province to a municipality, as envisaged in section 10 of the Municipal Systems Act. 35

(2) The National Treasury must, before stopping an allocation in terms of subsection (1)(a)(i) or (b)—

(a) comply with the procedures in section 18(4)(a); and

(b) inform the relevant provincial treasury of its intention to stop the allocation. 40

(3) The National Treasury must, before stopping an allocation in terms of subsection (1)(a)(ii), comply with the applicable provisions of section 38 of the Municipal Finance Management Act.

(4) The National Treasury must give notice in the *Gazette* of the stopping of an allocation in terms of this section and include in the notice the effective date of, and reason for, the stopping. 45

(5) (a) If—

- (i) an allocation, or any portion thereof, is stopped in terms of subsection (1)(a) or (b); and

(b) lazise uvimba wemali wephondo ochaphazelekayo noVimba weMali yeSizwe, kuze kuthi xa kuisabelo-mali esixhomekeke kwiimeko esiya kumasipala, lazise nesebe lephondo elinoxanduva lorhulumente wasekuhlaleni, lilazisa ngokunkonywa oko.

(5) Isaziso ekucingwa ngaso kwicandelwana (4)(a)(i) kufuneka siquke izizathu zokusinkonya isabelo-mali nokuthi kuzimiselwe ukusinkonya ixesha elide kangakanani ukuze kusekelwe apho ukwenziwa kotshintsho kweshedyuli yentlawulo ngokwecandelo 24. 5

(6) (a) UVimba weMali yeSizwe usengayalela, okanye avume isicelo esivela kwigosa elidluliselayo ukuba linkonye isabelo-mali ngokwecandelwana (1) ithuba lexesha elidana kuneentsuku ezingama-30, kodwa elingagqithiyo kwiintsuku ezili-120, ukuba ukunkonywa— 10

(i) kuza kwenza lula ukwenza okufunwa ngulo Mthetho; okanye

(ii) kuza kuwunciphisa umngcipheko wokuba isebe lephondo elichaphazelekayo okanye umasipala asebenzise imali enganeno kwelindelekileyo. 15

(b) Xa licela ukunkonywa kwesabelo-mali ngokweli candelwana, igosa elidluliselayo kufuneka lingenise kuVimba weMali yeSizwe ubungqina bokuba kwenziwe okufunwa licandelwana (4) nakukuzithethelela okufunyenwe kuvela kwigosa elamkelayo.

(c) Igosa elidluliselayo kufuneka likwenze kwakhona okufunwa licandelwana (4) xa uVimba weMali yeSizwe eyalela, okanye isicelo esenziwe ligosa elidluliselayo ngokwesiqendu (a). 20

Ukumiswa kwezabelo-mali

19. (1) Nangona lisitsho oku likutshoyo icandelo 18, uVimba weMali yeSizwe unokuthi, esebenzisa okwakhe ukuqonda okanye ecelwe ligosa elidluliselayo okanye ligosa elamkelayo, akumise ukudluliselwa kwesabelo-mali seShedyuli 4 okanye 5, okanye inxalenye yaso, esiya kwiphondo okanye kumasipala— 25

(a) xa—

(i) kuliphondo, ukuba ukwaphulwa okukhulu okanye okuzingisileyo kwalo Mthetho, ekucingwa ngako kwicandelo 216(2) loMgaqo-siseko, kuthi kwenzeke; okanye 30

(ii) kungumasipala, ukuba—

(aa) ukwaphulwa okukhulu okanye okuzingisileyo kwalo Mthetho, ekucingwa ngako kwicandelo 216(2) loMgaqo-siseko, kunye necandelo 38(1)(b)(i) le*Municipal Finance Management Act*, kuthi kwenzeke; okanye 35

(bb) ukwaphulwa okanye ukungakwenzi, ekucingwa ngako kwicandelo 38(1)(b)(ii) le*Municipal Finance Management Act*, kuthi kwenzeke;

(b) ukuba uVimba weMali yeSizwe ulindele ukuba iphondo okanye umasipala uza kuwa nganeno kakhulu ekusebenziseni isabelo-mali, okanye ekuqhubeni inkqubo, exhaswa ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo ngesabelo-mali, kunyaka-mali ka-2020/21; okanye 40

(c) ngenjongo yokwabelwa komsebenzi usuka kwiphondo usiya kumasipala, ngendlela ekucingwa ngayo kwicandelo 10 le*Municipal Systems Act*. 45

(2) UVimba weMali yeSizwe kufuneka, ngaphambi kokuba asimise isabelo-mali ngokwecandelwana (1)(a)(i) okanye (b)—

(a) akwenze okufunwa ziindlela zokwenza ezikwicandelo 18(4)(a); aze

(b) azise uvimba wemali wephondo ochaphazelekayo ngenjongo yakhe yokusimisa isabelo-mali. 50

(3) UVimba weMali yeSizwe kufuneka, ngaphambi kokuba asimise isabelo-mali ngokwecandelwana (1)(a)(ii), akwenze okufunwa licandelo 38 le*Municipal Finance Management Act* kule meko.

(4) UVimba weMali yeSizwe kufuneka enze isihlokomiso kwi*Gazethi* sokusimisa isabelo-mali ngokweli candelo aze kwisihlokomiso eso afake umhla, nesizathu, sokusimisa. 55

(5) (a) Ukuba—

(i) isabelo-mali, okanye inxalenye yaso, imisiwe ngokwecandelwana (1)(a) okanye (b); lize

- (ii) the relevant transferring officer certifies, in writing, to the National Treasury that the payment of an amount in terms of a statutory or contractual obligation is overdue and the allocation, or a portion thereof, was intended for payment of the amount,

the National Treasury may, by notice in the *Gazette*, approve that the allocation, or any portion thereof, be used to pay that amount partially or fully. 5

(b) The utilisation of funds envisaged in this subsection is a direct charge against the National Revenue Fund.

Reallocation of funds

20. (1) When a Schedule 4 or 5 allocation, or a portion thereof, is stopped in terms of section 19(1)(a) or (b), the National Treasury may, after consultation with the transferring officer and the relevant provincial treasury, determine the portion of the allocation to be reallocated, as the same type of allocation as it was allocated originally, to one or more provinces or municipalities, on condition that the allocation must be spent by the end of the 2020/21 financial year. 10
15

(2) (a) When a Schedule 4 or 5 allocation, or a portion thereof, is stopped in terms of section 19(1)(c), the National Treasury must, after consultation with the transferring officer and the relevant provincial treasury, determine the portion of the allocation to be reallocated, as the same type of allocation as it was allocated originally, to the affected municipalities, on condition that the allocation must be spent by the end of the 2020/21 financial year. 20

(b) The portion of the allocation reallocated in terms of paragraph (a) is, with effect from the date of the notice in the *Gazette* in terms of subsection (4)(a), regarded as having been converted to an allocation in Part B of the same Schedule it appears before the reallocation. 25

(3) (a) If the transferring officer of a Schedule 6 allocation indicates, in writing, to the National Treasury that a portion of the allocation is likely to be underspent, or needs to be reprioritised to meet a priority, the National Treasury may, at the request of the transferring officer, determine that the portion be reallocated, as the same type of allocation as it was allocated originally, to a provincial department of another province or to another municipality. 30

(b) Before requesting a reallocation, the transferring officer must notify the affected provincial department or municipality of the proposed reallocation and give the provincial department or municipality at least 14 days to provide comments and propose changes. 35

(c) When making a request in terms of paragraph (a), the transferring officer must submit to the National Treasury comments and proposed changes provided by the affected provincial department or municipality in terms of paragraph (b).

(d) The reallocated portion must, as far as possible, be spent by the end of the 2020/21 financial year. 40

(e) The reallocated portion is regarded as having been converted to an allocation to the relevant provincial department or municipality with effect from the date of the notice in the *Gazette* in terms of subsection (4)(a).

(4) (a) The National Treasury must—

- (i) give notice in the *Gazette* of a reallocation in terms of subsection (1), (2) or (3); and 45

- (ii) provide a copy of the notice to the transferring officer and each affected receiving officer.

(b) The reallocation of a portion of an allocation not spent by the end of the 2020/21 financial year is eligible for a roll-over in terms of section 22(2). 50

(5) (a) When an intervention in terms of section 100 or 139 of the Constitution or section 137, 139 or 150 of the Municipal Finance Management Act takes place, the National Treasury may, despite subsection (1) and on such conditions as it may determine, authorise in relation to—

(ii) igosa elidluliselayo elichaphazelekayo liqinisekise, ngokubhala, lisithi kuVimba weMali yeSizwe ukuhlawulwa kwesixa-mali ngokunyanzelwa ngumthetho wepalamente okanye ngokunyanzelwa sisivumelwano sekudlulelwe lixesha kwaye isabelo-mali eso, okanye inxalenye yaso, bekujongwe ngaso ukuba kuhlawulwe eso sixa-mali, 5
uVimba weMali yeSizwe unokuthi, ngesihlokomiso kwi*Gazethi*, asivume eso sabelo-mali, okanye inxalenye yaso, ukuba sisetyenziswe ukuhlawula eso sixa-mali ngokuyinxenye okanye ngokupheleleyo.

Ukwabiwa ngokutsha kweemali

20. (1) Xa isabelo-mali seShedyuli 4 okanye 5, okanye inxalenye yaso, simiswa ngokwecandelo 19(1)(a) okanye (b), uVimba weMali yeSizwe unokuthi, emva kokubonisana negosa elidluliselayo novimba wephondo ochaphazelekayo, enze isigqibo ngenxalenye yesabelo-mali esiza kwabiwa ngokutsha, sibe luhlobo olunye lwesabelo-mali ngendlela esasabelwe ngayo ekuqaleni, sisabelwa kwiphondo elinye okanye kumaphondo aliqela okanye kumasipala omnye okanye koomasipala abaliqela, ngomqathango wokuba isabelo-mali eso kufuneka sibe sesisetyenzisiwe ekupheleni konyaka-mali ka-2020/21. 15

(2) (a) Xa isabelo-mali seShedyuli 4 okanye 5, okanye inxalenye yaso, simiswa ngokwecandelo 19(1)(c), uVimba weMali yeSizwe kufuneka, emva kokubonisana negosa elidluliselayo novimba wephondo ochaphazelekayo, enze isigqibo ngenxalenye yesabelo-mali esiza kwabiwa ngokutsha, sibe luhlobo olunye lwesabelo-mali ngendlela esasebelwe ngayo ekuqaleni, sisabelwa koomasipala abachaphazelekayo, ngomqathango wokuba isabelo-mali kufuneka sibe sesisetyenzisiwe ekupheleni konyaka-mali ka-2020/21. 20

(b) Inxalenye yesabelo-mali esabelwe ngokutsha ngokwesiqendu (a) sithathwa, ukususela kumhla wesihlokomiso kwi*Gazethi* ngokwecandelwana (4)(a), njengesiguqulelwe ekubeni sisabelo-mali esikwiNxalenye B yeShedyuli ekwanye ebekukuyo ngaphambi kokuba sabiwe ngokutsha. 25

(3) (a) Ukuba igosa elidluliselayo lesabelo-mali seShedyuli libhalela kuVimba weMali yeSizwe, libonise ukuba inxalenye yesabelo-mali kunokwenzeka ukuba ingasetyenziswa yonke, okanye kufuneka ukuba ihlengahlengisiwe ngokutsha ngokokubaluleka kwayo ukuze kuhlangatyezwane nemfuneko ebalulekileyo, uVimba weMali yeSizwe unokuthi, ngokucelwa ligosa elidluliselayo, agqibe kwelokuba inxalenye leyo yabiwe ngokutsha, ibe luhlobo olunye lwesabelo-mali ngendlela esasabelwe ngayo ekuqaleni, isabelwa kwisebe lephondo lelinye iphondo okanye komnye umasipala. 30 35

(b) Ngaphambi kokuba licele ukwabiwa ngokutsha, igosa elidluliselayo kufuneka lazise isebe lephondo elichaphazelekayo okanye umasipala ngokwabiwa ngokutsha okucetywayo lize linike isebe lephondo okanye umasipala ubuncinane iintsuku ezili-14 ukuba lenze amagqabaza lize licebise ngotshintsho omalwenziwe.

(c) Xa lisenza isicelo ngokwesiqendu (a), igosa elidluliselayo kufuneka lingenise kuVimba weMali yeSizwe amagqabaza notshintsho olucetywayo oluvela kwisebe lephondo elichaphazelekayo okanye umaasipala ngokwesiqendu (b). 40

(d) Inxalenye eyabiwe ngokutsha kufuneka ibe seyisetyenzisiwe xa kuphela unyaka-mali ka-2020/21.

(e) Inxalenye eyabiwe ngokutsha ithathwa njengeguqulelwe ekubeni sisabelo-mali esiya kwisebe lephondo elichaphazelekayo okanye umasipala ukususela kumhla wesihlokomiso kwi*Gazethi* ngokwecandelwana (4)(a). 45

(4) (a) UVimba weMali yeSizwe kufuneka—

(i) enze isihlokomiso kwi*Gazethi* sokwabiwa ngokutsha ngokwecandelwana (1), (2) okanye (3); aze 50

(ii) anike igosa elidluliselayo ikopi yesihlokomiso, enika negosa ngalinye elamkelayo elichaphazelekayo.

(b) Ukwabiwa ngokutsha kwenxalenye yesabelo-mali esingasetyenziswanga xa kuphela unyaka-mali ka-2020/21 kuyafaneleka ukuba kugqithiselwe kunyaka olandelayo ngokwecandelo 22(2). 55

(5) (a) Xa kusenzeka ungenelelo ngokwecandelo 100 okanye 139 loMgaqo-siseko okanye ngokwecandelo 137, 139 okanye 150 le*Municipal Finance Management Act*, uVimba weMali yeSizwe unokuthi, nangona lisitsho olu likutshoyo icandelwana (1) kwaye ngemiqathango anokuthi ayibone ifanelekile, agunyaze mayela—

- (i) section 100 of the Constitution, the transferring officer to spend an allocation stopped in terms of section 19 on behalf of the relevant province;
- (ii) section 139 of the Constitution or section 137 or 139 of the Municipal Finance Management Act, the intervening province to spend an allocation stopped in terms of section 19 on behalf of the relevant municipality; or 5
- (iii) section 150 of the Municipal Finance Management Act, the relevant transferring officer to spend an allocation stopped in terms of section 19 on behalf of the relevant municipality.

(b) An allocation that is spent by the transferring officer or intervening province referred to in paragraph (a) must, for the purposes of this Act, be regarded as a Schedule 6 allocation from the date on which the authorisation is given. 10

(6) (a) On a joint request by the transferring officer and the National Disaster Management Centre, established by section 8 of the Disaster Management Act, 2002 (Act No. 57 of 2002), the National Treasury may approve that a conditional allocation in Schedule 4, 5 or 6, or a portion thereof, be reallocated to pay for the alleviation of the impact of a declared disaster or the reconstruction or rehabilitation of infrastructure damage caused by a declared disaster. 15

(b) Before the National Treasury approves a reallocation, the receiving officer of the conditional allocation in Schedule 4 or 5 or the transferring officer of a Schedule 6 allocation must confirm that the affected funds are not committed in terms of any statutory or contractual obligation. 20

(c) The reallocated funds must be used in the 2020/21 financial year in the same sphere that the allocation was originally made and for the same functional area that the original allocation relates to.

(d) The transferring officer must, after consultation with the National Disaster Management Centre and with the approval of the National Treasury, determine the conditions for spending the reallocated funds. 25

(e) Subsection (4) applies, with the necessary changes, to a reallocation in terms of this subsection to another province or municipality.

Conversion of allocations 30

21. (1) If satisfied that the relevant provincial department or municipality has demonstrated the capacity to implement projects, the National Treasury may, at the request of the transferring officer and after consultation with the receiving officer, convert any portion of—

- (a) an allocation listed in Part B of Schedule 6 to one listed in Part B of Schedule 5; 35
- (b) the School Infrastructure Backlogs Grant to the Education Infrastructure Grant; or
- (c) the National Health Insurance Indirect Grant listed in Part A of Schedule 6 to the Health Facility Revitalisation Grant, HIV, TB, Malaria and Community Outreach Grant, Statutory Human Resources, Training and Development Grant or the National Health Insurance Grant listed in Part A of Schedule 5. 40

(2) The National Treasury may, after consultation with the relevant transferring officer, receiving officer and provincial treasury, convert any portion of an allocation listed in Part B of Schedule 5 to one listed in Part B of Schedule 6, if it is satisfied that— 45

- (a) the conversion shall prevent under-expenditure or improve the level of service delivery in respect of the allocation in question;
- (b) the affected national or provincial department or municipality has demonstrated the capacity to implement projects;
- (c) the transferring officer has made a demonstrable effort to strengthen the capacity of the receiving officer to implement the allocation, but the receiving officer is still not capable of meeting all the requirements of the allocation; and 50

- (i) necandelo 100 loMgaqo-siseko, igosa elidluliselayo ukuba lisebenzise isabelo-mali esimiswe ngokwecandelo 19 egameni lephondo elichaphazelekayo;
- (ii) necandelo 139 loMgaqo-siseko okanye icandelo 137 okanye 139 le*Municipal Finance Management Act*, iphondo elingenelelayo ukuba lisebenzise isabelo-mali esimiswe ngokwecandelo 19 egameni likamasipala ochaphazelekayo; 5
okanye
- (iii) necandelo 150 le*Municipal Finance Management Act*, igosa elidluliselayo ukuba lisebenzise isabelo-mali esimisiweyo ngokwecandelo 19 egameni lekamasipala ochaphazelekayo.
- (b) Isabelo-mali esisetyenziswa ligosa elidluliselayo okanye liphondo elingenelelayo 10
ekuthethwe ngalo kwisiqendu (a) kufuneka, ngenjongo yokusebenza kwalo Mthetho, sithathwe njengesabelo-mali seShedyuli 6 ukususela kumhla esinikwe ngawo isigunyaziso.
- (6) (a) Kusakweniwa isicelo kunye ligosa elidluliselayo naliZiko Lokulawulwa 15
kweeNtlekele eZwenilonke, elasekwa licandelo 8 le*Disaster Management Act* (uMthetho 57 ka-2002), uVimba wemali yeSizwe unokuthi avume ukuba isabelo-mali esixhomekeke kwiimeko esikwiShedyuli 4, 5 okanye 6, okanye inxalenye yaso, sabiwe ngokutsha ukuhlawulela ukuthomalaliswa kweziphumo ezibuhlungu zentlekele ebhengeziweyo okanye ukwakhiwa ngokutsha okanye ukulungiswa komonakalo weemfuneko-ngqangi obangelwe yintlekele ebhengeziweyo. 20
- (b) Ngaphambi kokuba uVimba weMali yeSizwe akuvumele ukwabiwa ngokutsha, igosa elamkelayo lesabelo-mali esixhomekeke kwiimeko esikwiShedyuli 4 okanye 5 okanye igosa elidluliselayo lesabelo-mali seShedyuli 6 kufuneka liqinisekise ukuba iimali ezichaphazelekayo azinkqanyangelwanga ngokwembopheleleko ethile yomthetho wepalamente okanye ngokwesivumelwano. 25
- (c) Iimali ezabiwe ngokutsha kufuneka zisetyenziswe kunyaka-mali ka-2020/21 kwakwinqwanqwa elinye esasenziwe kulo ekuqaleni isabelo-mali yaye zibe zezommandla wentsebenzo okwamnye esasikuwo isabelo-mali sasekuqaleni.
- (d) Igosa elidluliselayo kufuneka, emva kokubonisana neZiko Lokulawulwa kweeNtlekele eZwenilonke nangemvume kaVimba weMali yeSizwe, lenze isigqibo 30
ngemiqathango yokusebenzisa iimali ezabiwe ngokutsha.
- (e) Icandelwana (4) liyasebenza ekwabiweni ngokutsha okungokweli candelwana kusabelwa kwelinye iphondo okanye umasipala, kubekho nje utshintsho olunokuthi lufuneka.

Ukuguqulwa kwezabelo-mali

35

21. (1) Ukuba wanelisekile kukuba isebe lephondo elichaphazelekayo okanye umasipala libonise ukuba lingakwazi ukuwenza asebenze amaphulo, uVimba weMali yeSizwe unokuthi, ngokucelwa ligosa elidluliselayo nasemva kokubonisana negosa elamkelayo, aguqule nayiphi na inxalenye—

- (a) yesabelo-mali esidweliswe kwiNxalenye B yeShedyuli 6 sibe sesidweliswe 40
kwiNxalenye B yeShedyuli 5;
- (b) yeSibonelelo Sokuxilonga kweeMfuneko-ngqangi zeZikolo sibe siSibonelelo seeMfuneko-ngqangi zeMfundo; okanye
- (c) yeSibonelelo Easingathanga-ngqo se-Inshorensi yeMpilo yeZwelonke 45
esidweliswe kwiNxalenye A seShedyuli 6 sibe siSibonelelo Sokuvuselelwa kwamaZiko eMpilo, iSibonelelo seHIV, seTB, seMalariya nesokuNceda uLuntu, iSibonelelo Sokugonyelwa iHuman Papillomavirus, iSibonelelo Sokuqeshwa Kwabasebenzi Abaneleyo okanye iSibonelelo se-Inshorensi yeMpilo yeZwelonke esidweliswe kwiNxalenye A yeShedyuli 5.
- (2) UVimba weMali yeSizwe unokuthi, emva kokubonisana negosa elidluliselayo 50
elichaphazelekayo, negosa elamkelayo novimba wemali wephondo, aguqule nayiphi na inxalenye yesabelo-mali esidweliswe kwiNxalenye B yeShedyuli 5 iibe yedweliswe kwiNxalenye B yeShedyuli 6, ukuba wanelisekile ukuba—
- (a) ukuguqulwa kuza kuthintela ukungasetyenziswa ngokwaneleyo kwemali 55
okanye kuphucule umgangatho wokunikezelwa kweenkonzo malunga nesabelo-mali eso;
- (b) isebe lezwelonke okanye lephondo okanye umasipala ubonisile ukuba angakwazi ukuwenza asebenze amaphulo; kwaye
- (c) igosa elidluliselayo lenze umgudu obonakalayo wokomeleza ukukwazi 60
kwegosa elamkelayo ukuba lisenze sisebenze isabelo-mali, kodwa igosa elamkelayo alikakwazi ukuhlangabezana ngokupheleleyo neemfuneko zesabelo-mali;

(d) there is a history of poor performance in the previous two financial years for the relevant allocation to the receiving officer, including withholding and stopping of allocations.

(3) If satisfied that a municipality has failed to follow the applicable procurement prescripts, the National Treasury may, at the request of the transferring officer or in its discretion, after consultation with the relevant transferring officer and receiving officer, convert any portion of an allocation listed in Part B of Schedule 5 to one listed in Part B of Schedule 6. 5

(4) (a) Any portion of an allocation, except the School Infrastructure Backlogs Grant, converted in terms of subsections (1), (2) or (3) must— 10

(i) be used for the same province or municipality to which the allocation was originally made; and

(ii) if—

(aa) possible, be used to implement the same project or projects that were planned if the allocation had not been converted; or 15

(bb) not possible, the receiving officer must sign an agreement that defines any new project to be funded, before it is implemented.

(b) The School Infrastructure Backlogs Grant must be used—

(i) for the same province to which the allocation was originally made; and

(ii) to implement the same project or projects that were planned if the allocation had not been converted. 20

(5) The National Treasury must—

(a) give notice in the *Gazette* of a conversion in terms of subsection (1), (2) or (3); and

(b) provide a copy of the notice to the transferring officer and each affected receiving officer. 25

(6) A conversion in terms of subsection (1), (2) or (3) takes effect on the date of publication of the notice in terms of subsection (5)(a).

(7) If an allocation listed in Part B of Schedule 7 is insufficient for a declared disaster or housing emergency referred to in section 26(3)(a), the National Treasury may, after consultation with, or on the request of, the relevant transferring officer, convert any portion of— 30

(a) the Provincial Disaster Relief Grant listed in Part A of Schedule 7 to the Municipal Disaster Relief Grant listed in Part B of Schedule 7;

(b) the Municipal Disaster Relief Grant listed in Part B of Schedule 7 to the Provincial Disaster Relief Grant listed in Part A of Schedule 7; 35

(c) the Provincial Emergency Housing Grant listed in Part A of Schedule 7 to the Municipal Emergency Housing Grant listed in Part B of Schedule 7; or

(d) the Municipal Emergency Housing Grant listed in Part B of Schedule 7 to the Provincial Emergency Housing Grant listed in Part A of Schedule 7. 40

(8) The National Treasury must—

(a) in the notice published in terms of section 26(3)(c), include notification of the conversion in terms of subsection (7) and the effective date referred to in subsection (9); and

(b) provide a copy of the notice to the transferring officer. 45

(9) A conversion in terms of subsection (7) takes effect on the date that the National Treasury approves it.

- (d) kukho imbali yokungaqhubi kakuhle kwiminyaka-mali emibini yangaphambili yezabelo-mali zesibonelelo esichaphazelekayo esiya kweli gosa elamkelayo, kuquka ukunkonya nokumisa zonke izabelo-mali.
- (3) Ukuba wanelisekile ukuba umasipala woyisakele ukulandela iindlela zokuthenga ezimiselweyo ngokwe *Municipal Finance Management Act*, uVimba weMali yeSizwe unokuthi, xa kucele igosa elidluliselayo okanye ngokuqonda okukokwakhe, emva kokubonisana negosa elidluliselayo elichaphazelekayo negosa elamkelayo, aguqule nayiphi na inxalenye yesabelo-mali esidweliswe kwiNxalenye B yeShedyuli 5 ibe yedweliswe kwiNxalenye B yeShedyuli 6. 5
- (4) (a) Nayiphi na inxalenye yesabelo-mali, ngaphandle kweSibonelelo Sokuxinga kweeMfuneko-ngqangi zeZikolo, eguqulwe ngokwecandelwana (1), (2) okanye (3) kufuneka— 10
- (i) isetyenziselwe kwa-elo phondo okanye kwaloo masipala esasenzelwe yena ekuqaleni isabelo-mali eso; kuze kuthi
- (ii) ukuba— 15
- (aa) kunokwenzeka, sisetyenziselwe ukulenza lisebenze kwa-eliya phulo okanye amaphulo awayecetyiwe ukuba isabelo-mali eso besingaguqulwanga; okanye
- (bb) akunakwenzeka, igosa elamkelayo kufuneka lityikitye isivumelwano esichaza iphulo elitsha emalixhaswe ngemali, ngaphambi kokuba lenziwe lisebenze. 20
- (b) Isibonelelo Sokuxinga kweeMfuneko-ngqangi zeZikolo kufuneka sisetyenziselwe—
- (i) kwa-eliya phondo esasenzelwe lona ekuqaleni isabelo-mali; kananjalo
- (ii) nokulenza lisebenze kwa-eliya phulo okanye amaphulo awayecetyiwe ukuba isabelo-mali sasingaguqulwanga. 25
- (5) UVimba weMali yeSizwe kufuneka—
- (a) enze isihlokomiso kwi *Gazethi* sokuguqulwa ngokwecandelwana (1), (2) okanye (3); aze
- (b) anike ikopi yesihlokomiso ayinike igosa elidluliselayo negosa elamkelayo ngalinye elichaphazelekayo. 30
- (6) Ukuguqulwa ngokwecandelwana (1), (2) okanye (3) kuqala ukusebenza ngomhla wokupapashwa kwesihlokomiso ngokwecandelwana (5)(a).
- (7) Ukuba isabelo-mali esidweliswe kwiNxalenye B yeShedyuli 7 asanelanga kwintlekele ebhengezwe njengentlekele okanye kwimeko yequbuliso efunisa ukwaxhiwa kwezindlu ekuthethwe ngayo kwicandelo 26(3)(a), uVimba weMali yeSizwe unokuthi, emva kokubonisana negosa elidluliselayo elichaphazelekayo, okanye ngokucelwa lilo, aguqule nayiphi na inxalenye— 35
- (a) yeSibonelelo Sokuncedisa kwiNtlekele yePhondo esidweliswe kwiNxalenye A yeShedyuli 7 ibe siSibonelelo Sokuncedisa kwiNtlekele kaMasipala esidweliswe kwiNxalenye B yeShedyuli 7; 40
- (b) yeSibonelelo Sokuncedisa kwiNtlekele kaMasipala esikwiNxalenye B yeShedyuli 7 ibe siSibonelelo Sokuncedisa kwiNtlekele yePhondo ekwiNxalenye A yeShedyuli 7;
- (c) yeSibonelelo seMeko yeQubuliso Efunisa Ukwakhiwa Kwezindlu kwiPhondo esidweliswe kwiNxalenye A yeShedyuli 7 ibe siSibonelelo seMeko yeQubuliso Efunisa Ukwakhiwa Kwezindlu kuMasipala esidweliswe kwiNxalenye B yeShedyuli 7; okanye 45
- (d) yeSibonelelo seMeko yeQubuliso Efunisa Ukwakhiwa Kwezindlu kuMasipala esidweliswe kwiNxalenye B yeShedyuli 7 ibe siSibonelelo seMeko yeQubuliso Efunisa Ukwakhiwa Kwezindlu kwiPhondo esidweliswe kwiNxalenye A yeShedyuli 7. 50
- (8) UVimba weMali yeSizwe kufuneka—
- (a) kwisihlokomiso esipapashwe ngokwecandelo 26(3)(c), aquke ukwaziswa okungokuguqulwa ngokwecandelwana (7) nomhla okuqala ngawo ukusebenza ekuthethwe ngawo kwicandelwana (9); okanye 55
- (b) anike igosa elidluliselayo ikopi yesaziso.
- (9) Ukuguqulwa okungokwecandelwana (7) kuqala ukusebenza ngomhla okwamkelwe ngawo nguVimba weMali yeSizwe.

Unspent conditional allocations

22. (1) Despite a provision to the contrary in the Public Finance Management Act or the Municipal Finance Management Act, any conditional allocation, or a portion thereof, that is not spent at the end of the 2020/21 financial year reverts to the National Revenue Fund, unless the roll-over of the allocation is approved in terms of subsection (2). 5

(2) The National Treasury may, at the request of a transferring officer, receiving officer or provincial treasury, approve a roll-over of a conditional allocation to the 2021/22 financial year if the unspent funds are committed to identifiable projects.

(3) (a) The receiving officer must ensure that any funds that must revert to the National Revenue Fund in terms of subsection (1), are paid into that Fund by the date determined by the National Treasury. 10

(b) The receiving officer must—

(i) in the case of a provincial department, request the roll-over of unspent funds through its provincial treasury; and 15

(ii) inform the transferring officer of all processes regarding the request.

(4) (a) The National Treasury may, subject to paragraphs (b) and (c), offset any funds that must revert to the National Revenue Fund in terms of subsection (1), but not paid into that Fund by the date determined in terms of subsection (3)(a)—

(i) in respect of a province, against future transfers of conditional allocations to that province; or 20

(ii) in respect of a municipality, against future transfers of the equitable share or conditional allocations to that municipality.

(b) Before any funds are offset in terms of paragraph (a), the National Treasury must give the relevant transferring officer, province or municipality— 25

(i) notice of the intention to offset amounts against future allocations, the intended amount to be offset against allocations, the intended date for the offsetting and the reasons for the offsetting; and

(ii) an opportunity, within 14 days of receipt of the notice, to—

(aa) propose an alternative date for offsetting; 30

(bb) make written submissions why the full or a part of the amount should not be offset; or

(cc) propose an alternative date or dates by which the amount, or portions thereof, must be paid into the National Revenue Fund.

(c) The National Treasury must— 35

(i) accept the date or dates proposed in terms of paragraph (b)(ii)(aa) or (cc) or determine a different date or dates; or

(ii) accept or reject the submissions made in terms of paragraph (b)(ii)(bb).

(5) (a) The National Treasury may amend the amount of the equitable share or a conditional allocation offset in terms of subsection (4). 40

(b) If the amendment envisaged in paragraph (a) results in an underpayment to a municipality—

(i) in respect of the equitable share of the municipality, the department responsible for local government must, despite section 5(3), transfer the difference to the municipality within 10 days; or 45

(ii) in respect of a conditional allocation of the municipality, the transferring officer must, despite the payment schedule envisaged in section 23(3), transfer the difference to the municipality within 10 days.

(c) If the amendment in terms of paragraph (a) results in an overpayment to a municipality, section 25 applies. 50

Izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko ezingasetyenziswanga

22. (1) Kungakhathaliseki ukuba kukho okuchasene noku okutshiwo kwi*Public Finance Management Act* okanye kwi*Municipal Finance Management Act*, nasiphi na isabelo-mali esixhomekeke kwiimeko, okanye inxalenye yaso, esingasetyenziswanga xa kuphela unyaka-mali ka-2020/21 sibuyela kwiNgxowa-mali yeNgeniso yeSizwe, ngaphandle kokuba kuvunyiwe ukuba sidluliselwe kunyaka olandelayo ngokwecandelwana (2). 5

(2) UVimba weMali yeSizwe unokuthi, ngokucelwa ligosa elidluliselayo, okanye igosa elamkelayo okanye uvimba wemali wephondo, avumele ukudluliselwa kunyaka olandelayo kwesabelo-mali esixhomekeke kwiimeko siye kunyaka-mali ka-2021/22 ukuba iimali ezingasetyenziswanga ziza kusetyenziswa kumaphulo acacileyo. 10

(3) (a) Igosa elamkelayo kufuneka liqinisekise ukuba naziphi na iimali ekufuneka zibuyele kwiNgxowa-mali yeNgeniso yeSizwe ngokwecandelwana (1), ziba sezifakwe kwiNgxowa-mali ngomhla ogqitywe nguVimba weMali yeSizwe. 15

(b) Igosa elamkelayo kufuneka—

(i) xa kulisebe lephondo, licele ukudluliselwa kunyaka olandelayo kweemali ezingasetyenziswanga ngokusebenzisa uvimba wemali yephondo;

(ii) lazise igosa elidluliselayo ngazo zonke iinkqubo ezimalunga nesi sicelo.

(4) (a) UVimba weMali yeSizwe unokuthi, ngokulawulwa sisiqendu (b) no-(c), indawo yeemali ekufuneka zibuyele kwiNgxowa-mali yeNgeniso yeSizwe ngokwecandelwana (1), kodwa ezingafakwanga kuloo Ngxowa-mali kwade kwabetha umhla ogqitywe ngokwecandelwana (3)(a)— 20

(i) xa kuliphondo, indawo yezo mali ayivale ngeemali ebeziza kudluliselwa kwixesha elizayo zezabelo ezixhomekeke kwiimeko eziya kwelo phondo; okanye 25

(ii) xa kungumasipala, indawo yezo mali ayivale ngeemali ebeziza kudluliselwa zesabelo esanelisayo okanye izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko eziya kuloo masipala.

(b) Ngaphambi kokuba iimali indawo yazo ithathwe zezinye ngokwesiqendu (a), uVimba weMali yeSizwe kufuneka anike igosa elidluliselayo elichaphazelekayo, iphondo okanye umasipala— 30

(i) isaziso sokuba unenjongo yokuba iimali ezithile indawo yazo ithathwe zizabelo-mali zexesha elizayo, alazise nangesixa-mali anenjongo yokuba indawo ithathwe sesinye, alazise nomhla ekucetywa ukuba kwenzeke ngawo oko, nezizathu zokuba iimali ezithile indawo yazo ithathwe zezinye; kananjalo 35

(ii) nethuba, zingekapheli iintsuku ezili-14 esifumene isaziso eso, lokuba—

(aa) acebise ukuba kungaba ngowuphi omnye umhla wokuba iimali indawo yazo ithathwe zezinye;

(bb) abhale oko afuna ukukutsho exela ukuba kungani kungenakuba sisixa-mali esipheleleyo okanye inxalenye yaso esithatha indawo yesinye; okanye (cc) acebise ukuba kungangowuphi omnye umhla okanye imihla ekufuneka isixa-mali, okanye inxalenye zaso, zibe sezifakiwe kwiNgxowa-mali yeNgeniso yeSizwe. 40

(c) UVimba weMali yeSizwe kufuneka—

(i) awamkele umhla okanye imihla ekucetyiswa yona ngokwesiqendu (b)(ii)(aa) okanye (cc) okanye atyumbe omnye umhla okanye imihla; okanye 45

(ii) azamkele okanye angazamkeli iingongoma ezivelisiweyo ngokwesiqendu (b)(ii)(bb). 50

(5) (a) UVimba weMali yeSizwe unokuthi enze utshintsho kwisixa-mali sesabelo esanelisayo okanye sesabelo-mali esixhomekeke kwiimeko esindawo yaso ithatyathwe sesinye ngokwecandelwana (4). 50

(b) Ukuba utshintsho ekucingwa ngalo kwisiqendu (a) sibangela ukuba ibe ncinane kunelindelekileyo imali ehlawulwa umasipala—

(i) xa kusisabelo esanelisayo sikamasipala, isebe elinoxanduva lorhulumente wasekuhlaleni kufuneka, nangona lisitsho oku likutshoyo icandelo 5(3), liwudlulisele kumasipala umahluko zingekapheli iintsuku ezili-10; okanye 55

(ii) xa kusisabelo-mali esixhomekeke kwiimeko sikamasipala, igosa elidluliselayo kufuneka, nangona isitsho oku ekutshoyo ishedyuli yentlawulo ekucingwa ngayo kwicandelo 23(3), liwudlulisele kumasipala umahluko zingekapheli iintsuku ezili-10. 60

(c) Ukuba utshintsho olungokwesiqendu (a) lubangela ukuba ibe ngentla kunelindelekileyo imali ehlawulwa umasipala, kusebenza icandelo 25.

CHAPTER 4

MATTERS RELATING TO ALL ALLOCATIONS

Payment requirements

23. (1) (a) The National Treasury must, after consultation with the provincial treasury, determine the payment schedule for the transfer of a province's equitable share allocation. 5

(b) In determining the payment schedule, the National Treasury must take into account the monthly expenditure commitments of provinces and seek to minimise risk and debt servicing costs for national and provincial government.

(c) Despite paragraph (a), the National Treasury may advance funds to a province in respect of its equitable share, or a portion thereof, which has not yet fallen due for transfer in terms of the payment schedule— 10

(i) for cash management purposes relating to the corporation for public deposits account or when an intervention in terms of section 100 of the Constitution takes place; and 15

(ii) on such conditions as it may determine.

(d) Any advance in terms of paragraph (c) must be offset against transfers to the province, which would otherwise become due in terms of the payment schedule.

(2) (a) The National Treasury must, after consultation with the national department responsible for local government, determine the amount of a municipality's equitable share allocation to be transferred on each date referred to in section 5(3). 20

(b) If an amount less than the amount approved in terms of paragraph (a) is paid to a municipality, the difference must, despite section 5(3), be paid within 10 days after it comes to the attention of the national department responsible for local government.

(c) Despite paragraph (a), the National Treasury may approve a request or direct that the equitable share, or a portion thereof, which has not yet fallen due for transfer in terms of section 5(3), be advanced to a municipality— 25

(i) after consultation with the national department responsible for local government;

(ii) for purposes of cash management in the municipality or an intervention in terms of section 139 of the Constitution or section 137, 139 or 150 of the Municipal Finance Management Act; and 30

(iii) on such conditions as the National Treasury may determine.

(d) Any advance in terms of paragraph (c) must be offset against transfers to the municipality, which would otherwise become due in terms of section 5(3). 35

(3) (a) Subject to section 28(1), the National Treasury must, within 14 days after this Act takes effect, approve the payment schedule for the transfer of an allocation listed in Schedule 4 or 5 to a province or municipality.

(b) The transferring officer of a Schedule 4 or 5 allocation must submit a payment schedule to the National Treasury for approval before the first transfer is made. 40

(c) Before the submission of a payment schedule in terms of paragraph (b), the transferring officer must, in relation to a Schedule 4 or 5 allocation, consult the relevant receiving officer.

(4) The transferring officer of a Schedule 4 or 5 allocation must provide the receiving officer and the relevant provincial treasury with a copy of the approved payment schedule before making the first transfer in terms thereof. 45

(5) The transfer of a Schedule 4 or 5 allocation to a municipality must accord with the financial year of the municipality.

(6) Each transfer of an equitable share or a conditional allocation to a municipality in terms of this Act must be made through a payment system provided by the National Treasury. 50

ISAHLUKO 4

IMICIMBI EMALUNGA NAZO ZONKE IZABELO-MALI

Iimfuneko zokuhlalwa

23. (1) (a) UVimba weMali yeSizwe kufuneka, emva kokubonisana novimba wephondo wemali wephondo, enze isigqibo ngeshedyuli yentlawulo yokudluliselwa kwesabelo-mali esanelisayo sephondo. 5

(b) Ekwenzeni isigqibo ngeshedyuli yentlawulo, uVimba weMali yeSizwe kufuneka acingele iimbopheleleko zenkcitho yenyanga nganye yamaphondo aze afune ukunciphisa umngcipheko neendleko zokuhlalulwa kwamatyala zikarhulumente welizwe nowephondo. 10

(c) Nangona sisitsho oku sikutshoyo isiqendu (a), uVimba weMali yeSizwe unokuthi aqhube phambili iimali ziye kwiphondo zizezesabelo salo esanelisayo, okanye inxalenye yaso, libe ixesha lazo lingekafiki lokuba zidluliselwe ngokweshedyuli yentlawulo—

- (i) ngenjongo yokulawulwa kwemali okumayela nokopolotyeni we-akhawunti yeemali ezifakelwe uluntu okanye xa kusenzeka ungenelelo ngokwecandelo 100 loMgaqo-siseko; kananjalo 15
- (ii) ngemiqathango enokuthi igqitywe yiyo.

(d) Naziphi na iimali eziqhutywa phambili ngokwesiqendu kufuneka indawo yazo ithatyathwe ziimali ezidluliselwa kwiphondo, ebeziya kuthi zifuneke ngokweshedyuli yentlawulo. 20

(2) (a) UVimba weMali yeSizwe kufuneka, emva kokubonisana nesebe lezwelonke elinoxanduva loorhulumente basekuhlaleni, liqingqe isixa sesabelo esanelisayo sikamasipala esiza kudluliselwa ngomhla ngamnye ekuthethwe ngawo kwicandelo 5(3). 25

(b) Ukuba kuhlalulwa kumasipala isixa esingaphantsi kwesixa esivunyiweyo ngokwesiqendu (a), umahluko kufuneka, nangona lisitsho oku likutshoyo icandelo 5(3), uhlalulwe zingekapheli iintsuku ezili-10 emva kokuba oko kufikelele kwingqalelo yesebe lezwelonke elinoxanduva loorhulumente basekuhlaleni.

(c) Nangona sisitsho oku sikutshoyo isiqendu (a), uVimba weMali yeSizwe unokuthi asivumele isicelo okanye ayalele ukuba isabelo esanelisayo, okanye inxalenye yaso, elingekafiki ixesha laso ukuba sidluliselwe ngokwecandelo 5(3), sinikwe umasipala— 30

- (i) emva kokubonisana nesebe lezwelonke elinoxanduva loorhulumente basekuhlaleni;
- (ii) ngenjongo yokulawulwa kwemali kumasipala okanye ungenelelo ngokwecandelo 139 loMgaqo-siseko okanye icandelo 137, 139 okanye 150 leMunicipal Finance Management Act; kananjalo 35
- (iii) ngemiqathango enokuthi igqitywe nguVimba weMali yeSizwe.

(d) Nayiphi na imali eqhutywe phambili lingekafiki ixesha layo ngokwesiqendu (c) kufuneka indawo yayo ithatyathwe ngeemali ezidluliselwa kumasipala, ebeziza kuthi zifuneke ngokwecandelo 5(3). 40

(3) (a) Ngokulawulwa licandelo 28(1), uVimba weMali yeSizwe kufuneka, zingekapheli iintsuku ezili-14 emva kokuba uqalile ukusebenza lo Mthetho, ayivumele ishedyuli yentlawulo yokudluliselwa kwesabelo-mali esidweliswe kwiShedyuli 4 okanye 5 esiya kwiphondo okanye kumasipala.

(b) Igosa elidluliselayo lesabelo-mali seShedyuli 4 okanye 5 kufuneka lingenise ishedyuli yentlawulo kuVimba weMali yeSizwe ukuze ivunywe ngaphambi kokuba kudluliselwe imali yokuqala. 45

(c) Ngaphambi kokuba kungeniswe ishedyuli yentlawulo ngokwesiqendu (b), igosa elidluliselayo kufuneka, xa kusisabelo-mali seShedyuli 4 okanye 5, libonisane negosa elamkelayo elichaphazelekayo. 50

(4) Igosa elidluliselayo lesabelo-mali seShedyuli 4 okanye 5 kufuneka linike igosa elamkelayo novimba wemali wephondo ochaphazelekayo ikopi yeshedyuli yentlawulo evunyiweyo ngaphambi kokuba lidluliselwe imali yokuqala yeso sabelo.

(5) Ukudluliselwa kwesabelo-mali seShedyuli 4 okanye 5 sisiya kumasipala kufuneka kuvumelane nonyaka-mali kamasipala. 55

(6) Ukudluliselwa ngakunye kwesabelo esanelisayo okanye kwesabelo-mali esixhomekeke kwiimeko sisiya kumasipala ngokwalo Mthetho kufuneka kwenziwe ngenkqubo-ndlela yentlawulo ekhutshwe nguVimba weMali yeSizwe.

Amendment of payment schedule

24. (1) (a) Subject to subsection (2), a transferring officer of a Schedule 4 or 5 allocation must, within seven days of the withholding or stopping of an allocation in terms of section 18 or 19, submit an amended payment schedule to the National Treasury for approval. 5

(b) No transfers may be made until the National Treasury has approved the amended payment schedule.

(2) For purposes of better management of debt and cash-flow or addressing financial mismanagement or financial misconduct or slow or accelerated expenditure, the National Treasury may amend any payment schedule for an allocation listed in Schedule 2, 4 or 5, after notifying, in the case of— 10

(a) an allocation to a province, its provincial treasury;

(b) an allocation to a municipality, the national department responsible for local government;

(c) a Schedule 4 or 5 allocation, the relevant transferring officer. 15

(3) The amendment of a payment schedule in terms of subsection (1) or (2) must take into account—

(a) the monthly expenditure commitments of provinces or municipalities;

(b) the revenue at the disposal of provinces or municipalities; and

(c) the minimisation of risk and debt servicing costs for all three spheres of government. 20

(4) The transferring officer must immediately inform the receiving officer of any amendment to a payment schedule in terms of subsection (1) or (2).

Transfers made in error or fraudulently

25. (1) Despite any other legislation to the contrary, the transfer of an allocation that is an overpayment to a province, municipality or public entity, made in error or fraudulently, is regarded as not legally due to that province, municipality or public entity, as the case may be. 25

(2) The responsible transferring officer must, without delay, recover an overpayment referred to in subsection (1), unless an instruction has been issued in terms of subsection (3). 30

(3) The National Treasury may instruct that the recovery referred to in subsection (2) be effected by setoff against future transfers to the affected province, municipality or public entity in terms of a payment schedule.

New allocations during financial year and Schedule 7 allocations 35

26. (1) If further allocations are made to provinces or municipalities, as envisaged in section 6(3), the National Treasury must, before the transfer of any funds to a province or municipality, by notice in the *Gazette* and as applicable—

(a) amend any allocation or framework published in terms of section 16;

(b) publish the allocation per municipality for any new Part B of Schedule 5 allocation or the indicative allocation per municipality for any new Part B of Schedule 6 allocation; or 40

(c) publish a framework for any new Schedule 4, 5, 6 or 7 allocation.

(2) Section 16(2) to (5) applies, with the necessary changes, to allocations and frameworks published in terms of subsection (1). 45

Ukwenziwa kotshintsho kwishedyuli yentlawulo

24. (1) (a) Ngokulawulwa licandelwana (2), igosa elidluliselayo lesabelo-mali seShedyuli 4 okanye 5 kufuneka, zingekapheli iintsuku ezisixhenxe sinkonyiwe okanye simisiwe isabelo-mali ngokwecandelo 18 okanye 19, lingenise ishedyuli yentlawulo eyenziwe utshintsho kuVimba weMali yeSizwe ukuze ivunywe. 5
- (b) Akukho kudluliselwa kweemali okuvumelekileyo ukuba kwenziwe de abe uVimba weMali yeSizwe uyivumile ishedyuli yentlawulo eyenziwe utshintsho.
- (2) Ngenjongo yokulawulwa bhetele kwamatyala nokugeleza kwemali okanye ngenjongo yokulungisa ukuphathwa kakubi kwemali okanye izezo ezigwenxa ezimalini okanye ukwenziwa kwenkcitho okucothayo okanye okukhawuleziswayo, uVimba weMali yeSizwe unokuthi enze utshintsho nakweyiphi na ishedyuli yentlawulo yesabelo-mali esidweliswe kuShedyuli 2, 4 okanye 5, emva kokwazisa, xa— 10
- (a) kuisabelo-mali esiya kwiphondo, emva kokwazisa uvimba walo wemali;
- (b) kuisabelo-mali esiya kumasipala, emva kokwazisa isebe lezwelonke elinoxanduva loorhulumente basekuhlaleni; 15
- (c) kuisabelo-mali seShedyuli 4 okanye 5, emva kokwazisa igosa elidluliselayo elichaphazelekayo.
- (3) Ukwenziwa kotshintsho kwishedyuli yentlawulo ngokwecandelwana (1) okanye (2) kufuneka kucingele—
- (a) iimbopheleleko zenkcitho yenyanga nganye zamaphondo okanye zoomasi-pala; 20
- (b) ingeniso anayo amaphondo okanye oomasipala;
- (c) ukuncitshiswa komngcipheko neendleko zokuhlululwa kwamatyala kuwo omathathu amanqwanqwa karhulumente.
- (4) Igosa elidluliselayo kufuneka ngoko nangoko lazise igosa elamkelayo ngako nakuphi na ukwenziwa kotshintsho kwishedyuli yentlawulo ngokwecandelwana (1) okanye (2). 25

Iimali ezidluliselwe ngempazamo okanye ngobuqhophololo

25. (1) Kungakhathaliseki ukuba uthini omnye umthetho wepalamente otsho ochasene noku, ukudluliselwa kwesabelo-mali esiyintlawulo ethe kratya kwefunekayo sisiya kwiphondo, kumasipala okanye kwiqumrhu likarhulumente, esenziwe ngempazamo okanye ngobuqhophololo, sithathwa njengesingakhange siqalise ukuba yimfanelo ngokusemthethweni yelo phondo, yaloo masipala okanye yelo qumrhu likarhulumente. 30
- (2) Igosa elidluliselayo elinoxanduva kufuneka, ngaphandle kokulibazisa, liyibuyise intlawulo ethe kratya kwefunekayo ekuthethwe ngayo kwicandelwana (1), ngaphandle kokuba kukhutshwe umyalelo ngokwecandelwana (3). 35
- (3) UVimba weMali weLizwe usengayalela ukuba ukubuyiswa kwemali ekuthethwe ngayo kwicandelwana (2) kwenziwe ngokubamba iimali ebeziseza kudluliselwa kwelo phondo, kuloo masipala okanye kwelo qumrhu likarhulumente ngokweshedyuli yentlawulo. 40

Izabelo-mali ezintsha usaqhubeka unyaka-mali nezabelo-mali zeShedyuli 7

26. (1) Ukuba kukhutshwa ezinye izabelo-mali eziya kumaphondo okanye koomasi-pala, ngendlela ekucingwa ngayo kwicandelo 6(3), uVimba weMali weLizwe kufuneka, ngaphambi kokuba kudluliselwe naziphi na iimali zisiya kwiphondo okanye kumasipala, ngesihlokomiso kwi*Gazethi* nangendlela okusebenza ngayo— 45
- (a) enze utshintsho kuso nasiphi na isabelo-mali okanye inkqubo-mida epapashwe ngokwecandelo 16;
- (b) apapashe isabelo-mali somasipala ngamnye saso nasiphi na isabelo-mali esitsha esikwiNxalenye B entsha yeShedyuli 5 okanye isabelo-mali esibonisa okuthile somasipala ngamnye saso nasiphi na isabelo-mali esikwiNxalenye B entsha seShedyuli 6; okanye 50
- (c) apapashe inkqubo-mida yaso nasiphi na isabelo-mali seShedyuli 4, 5, 6 okanye 7 entsha.
- (2) Icandelo 16(2) ukuya ku-(5) liyasebenza kwizabelo-mali neenkqubo-mida epapashwe ngokwecandelwana (1), kubekho nje utshintsho olunokuthi lufuneka. 55

- (3) (a) The transferring officer may, with the approval of the National Treasury, make one or more transfers of a Schedule 7 allocation to a province or municipality for—
- (i) a declared disaster within the period envisaged in section 27(5), 41(5) or 55(5) of the Disaster Management Act, 2002 (Act No. 57 of 2002); or
 - (ii) a housing emergency within 100 days after the date of the declaration of a housing emergency. 5
- (b) The transferring officer must notify the relevant provincial treasury and the National Treasury within 14 days of a transfer of a Schedule 7 allocation to a province or municipality.
- (c) The National Treasury must, within 21 days after the end of the 100-day period envisaged in paragraph (a), by notice in the *Gazette*, publish all transfers of a Schedule 7 allocation made for a declared disaster. 10
- (d) Despite any other legislation to the contrary, the National Treasury may approve that funds allocated in Schedule 7 be used at any time.
- (e) The funds approved in terms of paragraph (d) must be included either in the provincial adjustments appropriation legislation, municipal adjustments budgets or other appropriation legislation. 15

Preparations for 2021/22 financial year and 2022/23 financial year

27. (1) (a) A category C municipality that receives a conditional allocation in terms of this Act must, using the indicative conditional allocations to that municipality for the 2021/22 financial year and the 2022/23 financial year as set out in Column B of the Schedules to this Act, by 2 October 2020— 20
- (i) agree on the provisional allocations and the projects to be funded from those allocations in the 2021/22 financial year and the 2022/23 financial year with each category B municipality within the category C municipality's area of jurisdiction; and 25
 - (ii) submit to the transferring officer—
 - (aa) the provisional allocations referred to in subparagraph (i); and
 - (bb) the projects referred to in subparagraph (i), listed per municipality.
- (b) If a category C municipality and a category B municipality cannot agree on the allocations and projects referred to in paragraph (a), the category C municipality must request the relevant transferring officer to facilitate agreement. 30
- (c) The transferring officer must take all necessary steps to facilitate agreement as soon as possible, but no later than 60 days after receiving a request referred to in paragraph (b). 35
- (d) Any proposed amendment or adjustment of the allocations that is intended to be published in terms of section 30(3)(b) must be agreed with the relevant category B municipality, the transferring officer and the National Treasury, before publication and the submission of the allocations referred to in paragraph (a)(ii).
- (e) If agreement is not reached between the category C municipality and the category B municipality on the provisional allocations and projects referred to in paragraph (a) before 2 October 2020, the National Treasury, after consultation with the relevant provincial treasury, must determine the provisional allocations and provide those provisional allocations to the affected municipalities and the transferring officer. 40
- (f) (i) The transferring officer must submit the final allocations, based on the provisional allocations referred to in paragraphs (a)(i) and (ii) and (e), to the National Treasury by 30 November 2020. 45
- (ii) If the transferring officer fails to submit the allocations referred to in subparagraph (i) by 30 November 2020, the National Treasury may determine the appropriate allocations, taking into consideration the indicative allocations for the 2021/22 financial year. 50

- (3) (a) Igosa elidluliselayo linokuthi, ngemvume kaVimba weMali yeSizwe, lidlulisele imali ibe nye okanye zibe liqela zesabelo-mali seShedyuli 7 zisiya kwiphondo okanye kumasipala—
- (i) izezentlekele ebhengezwe njengentlekele kwithuba lexesha ekucingwa ngalo kwicandelo 27(5), 41(5) okanye 55(5) se*Disaster Management Act*, 2002 (uMthetho 57 ka-2002); okanye 5
- (ii) izezemeko yequbuliso yokwakhiwa kwezindlu zingekapheli iintsuku ezili-100 emva komhla wokubhengezwa kwemeko yequbuliso yokwakhiwa kwezindlu.
- (b) Igosa elidluliselayo kufuneka lazise uvimba wephondo ochaphazelekayo noVimba weMali yeSizwe zingekapheli iintsuku ezili-14 idluliselwe imali yesabelo-mali seShedyulu 7 isiya kwiphondo okanye kumasipala. 10
- (c) UVimba weMali yeSizwe kufuneka, zingekapheli iintsuku ezingama-21 liphelile ithuba lexesha eliziintsuku ezili-100 ekuthethwe ngalo kwisiqendu (a), ngesihlokomiso kwi*Gazethi*, apapashe zonke iimali ezidluliselweyo zesabelo-mali seShedyuli 7 esenzelwe intlekele ebhengezwe njengentlekele. 15
- (d) Kungakhathaliseki ukuba uthini omnye umthetho wepalamente otsho okuchasene noku, uVimba weMali yeSizwe unokuthi avumele ukuba iimali ezabelwe kwiShedyuli 7 zisetyenziswe nangaliphi na ixesha.
- (e) Iimvume ezivunyelweyo ngokwisiqendu (d) kufuneka ziqukwe nokuba kukumthetho wepalamente wephondo wokuhlengahlengiswa kolwabiwo-mali, okanye kukuhlalo-lwabiwo-mali oluhlengahlengisiweyo lukamasipala okanye kukomnye umthetho wepalamente ofanelekileyo. 20

Amalungiselelo onyaka-mali ka-2021/22 nonyaka-mali ka-2022/23

27. (1) (a) Umasipala okudidi C owamkela isabelo-mali esixhomekeke kwiimeko ngokwalo Mthetho kufuneka, esebenzisa izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko ezibonisa okuthile eziya kuloo masipala zonyaka-mali ka-2021/22 nonyaka-mali ka-2022/23 njengoko kuchazwe kuMhlathi B weeShedyuli zalo Mthetho, kuthi kubetha uOktobha 2, 2020— 25
- (i) abe sele evumelene ngezabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko namaphulo amakaxhaswe ngemali kuthatyathwe kwezo zabelo-mali kunyaka-mali ka-2021/22 nonyaka-mali ka-2022/23 ngomasipala ngamnye okudidi B ngaphakathi kommandla wolawulo kamasipala okudidi C; kwaye 30
- (ii) angenise kwigosa elidluliselayo—
- (aa) izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko ekuthethwe ngazo kwisiqendwana (i); kunye 35
- (bb) namaphulo ekuthethwe ngawo kwisiqendwana (i), adweliswe ngomasipala ngamnye.
- (b) Ukuba umasipala okudidi C nomasipala okudidi B abavumelani ngezabelo-mali nangamaphulo ekuthethwe ngawo kwisiqendu (a), umasipala okudidi C kufuneka acele igosa elidluliselayo elichaphazelekayo ukuba likwenze kube lula ukuvumelana. 40
- (c) Igosa elidluliselayo kufuneka lithabathe onke amanyathelo ayimfuneko ukukwenza kube lula ukuvumelana kangangoko kunokwenzeka, kodwa ke noko kungade kuphele iintsuku ezingama-60 lisifumene isicelo ekuthethwe ngaso kwisiqendu (b).
- (d) Naluphi na utshintsho olucetywayo okanye ukuhlengahlengiswa kwezabelo-mali ekucetywa ukuba lupapashwe ngokwecandelo 30(3)(b) kufuneka kuvunyelwane ngalo nomasipala okudidi B ochaphazelekayo, negosa elidluliselayo noVimba weMali yeSizwe, ngaphambi kokuba lupapashwe nangaphambi kokungeniswa kwezabelo-mali ekuthethwe ngazo kwisiqendu (a)(ii). 45
- (e) Ukuba akufikelelwanga kwisivumelwano phakathi kukamasipala okudidi C nomasipala okudidi B ngezabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko namaphulo ekuthethwe ngawo kwisiqendu (a) ngaphambi kuka Oktobha 2, 2020, uVimba weMali yeSizwe, emva kokubonisana novimba wephondo ochaphazelekayo, unokuthi enze isigqibo ngezabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko aze ezo zabelo-mali ezixhomekeke azinike oomasipala abachaphazelekileyo negosa elidluliselayo. 55
- (f) (i) Igosa elidluliselayo kufuneka lingenise izabelo-mali zokugqibela, ngokusekelwe kwizabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko ekuthethwe ngazo kwisiqendu (a)(i) no-(ii) no-(e) zisiya kuVimba weMali yeSizwe engekabethi uNovemba 30, 2020.
- (ii) Ukuba igosa elidluliselayo liyoyisakala ukungenisa izabelo-mali ekuthethwe ngazo kwisiqendwana (i) engekabethi uNovemba 30, 2020, uVimba weMali yeSizwe unokuthi enze isigqibo ngezabelo-mali ezifanelekileyo, ecingela izabelo-mali ezibonisa okuthile zonyaka-mali ka-2021/22. 60

- (2) (a) The transferring officer of a conditional allocation, using the indicative conditional allocations for the 2021/22 financial year and the 2022/23 financial year, as set out in Column B of the affected Schedules to this Act, must, by 28 September 2020, submit to the National Treasury—
- (i) the provisional allocations to each province or municipality in respect of new conditional allocations to be made in the 2021/22 financial year; 5
 - (ii) any amendments to the indicative allocations for each province or municipality set out in Column B of the affected Schedules in respect of existing conditional allocations; 10
 - (iii) the draft frameworks for the allocations referred to in subparagraphs (i) and (ii); and 10
 - (iv) electronic copies of any guidelines, business plan templates and other documents referred to in the draft frameworks referred to in subparagraph (iii).
- (b) A transferring officer must consult the accounting officer of a national or provincial department, other than the transferring or receiving officer, on a duty in the draft framework, before submission to the National Treasury in terms of paragraph (a). 15
- (c) When a document, referred to in a draft framework, that is submitted in terms of paragraph (a)(iii), is amended, the transferring officer must immediately provide the National Treasury and each receiving officer with electronic copies of the revised document. 20
- (d) The National Treasury must approve any proposed amendment or adjustment for the 2021/22 financial year of the allocation criteria of an existing conditional allocation before the submission of the provisional allocations and draft frameworks.
- (e) The transferring officer must, under his or her signature, submit to the National Treasury, by 30 November 2020, the final allocations and frameworks based on the provisional allocations and frameworks. 25
- (f) If the transferring officer fails to comply with paragraph (a) or (e), the National Treasury may determine the appropriate draft or final allocations and frameworks, taking into consideration the indicative allocations for the 2021/22 financial year.
- (g) (i) The National Treasury may amend final allocations and frameworks in order to ensure equitable and stable allocations and fair and consistent conditions. 30
- (ii) The National Treasury must give notice, in writing, to the transferring officer of the intention to amend allocations and frameworks and invite the transferring officer to submit written comments within seven days after the date of the notification.
- (h) The draft and final allocations and frameworks must be submitted in the format determined by the National Treasury. 35
- (3) The National Treasury may instruct transferring officers, accounting officers of the provincial treasuries and receiving officers to submit to it such plans and information for any conditional allocation, as it may determine, at specified dates before the start of the 2021/22 financial year. 40
- (4) (a) For purposes of the Education Infrastructure Grant or Health Facility Revitalisation Grant in the 2021/22 financial year, the receiving officer of the relevant provincial department must, in the format and on the date determined by the National Treasury, submit to the transferring officer, the relevant provincial treasury and the National Treasury— 45
- (i) a user asset management plan for all infrastructure programmes for a period of at least 10 years;
 - (ii) an infrastructure programme management plan, including a construction procurement strategy for infrastructure programmes and projects envisaged to commence within the period for the medium term expenditure framework; and 50
 - (iii) a document that outlines how the infrastructure delivery management system must be implemented in the province and is approved by the Executive Council of the province before or after the commencement of this Act.

- (2) (a) Igosa elidluliselayo lesabelo-mali esixhomekeke kwiimeko, lisebenzisa izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko ezibonisa okuthile zonyaka-mali ka-2021/22 nonyaka-mali ka-2022/23, njengoko kuchazwe kuMhlathi B weeShedyuli ezichaphazelekileyo zalo Mthetho, kufuneka, kuthi kubetha uSeptemba 28, 2020, abe engenise kuVimba weMali yeSizwe— 5
- (i) izabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko eziya kwiphondo ngalinye okanye kumasipala izezezabelo-mali ezintsha ezixhomekeke kwiimeko eziza kwenziwa kunyaka-mali ka-2021/22;
- (ii) naluphi na utshintsho kwizabelo-mali ezibonisa okuthile zephondo ngalinye okanye umasipala oluchazwe kuMhlathi B weeShedyuli ezichaphazelekileyo ilolwezabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko ezikhoyo; 10
- (iii) iinkqubo-mida eziseluvavanyo zezabelo-mali ekuthethwe ngazo kwiziqendwana (i) no-(ii); kunye
- (iv) iikopi ze-elektroniki zezikhokelo, izicwangciso zoshishino namanye amaxwebhu ekuthethwe ngawo kwiinkqubo-mida eziseluvavanyo ekuthethwe ngazo kwisiqendwana (iii). 15
- (b) Igosa elidluliselayo kufuneka libonisane negosa losetyenziso-mali lesebe lezwelelonke okanye lephondo, ngaphandle kwegosa elidluliselayo okanye elamkelayo, elisemsebenzini wenkqubo-mida eseluvavanyo, ngaphambi kokuba liyidlulisele kuVimba weMali yeSizwe ngokwesiqendu (a). 20
- (c) Xa uxwebhu, ekuthethwe ngalo kwinkqubo-mida eseluvavanyo, engeniswa ngokwesiqendu (a)(iii), lusenziwa utshintsho, igosa elidluliselayo kufuneka ngoko nangoko linike uVimba weMali yeSizwe negosa ngalinye elamkelayo iikopi ze-elektroniki zoxwebhu oluhlaziyiweyo. 20
- (d) UVimba weMali yeSizwe kufuneka avumele naluphi na utshintsho olucetywayo okanye uhlehlengiso lonyaka-mali ka-2021/22 lweemfuneko zokwabiwa kwemali zesabelo-mali esixhomekeke kwiimeko esikhoyo ngaphambi kokungeniswa kwezabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko neenkqubo-mida eseluvavanyo. 25
- (e) Igosa elidluliselayo kufuneka, ngotyikityo lwalo, lingenise kuVimba weMali yeSizwe, engekabethi uNovemba 30, 2020, izabelo-mali zokugqibela neenkqubo-mida ezisekelwe kwizabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko neenkqubo-mida. 30
- (f) Ukuba igosa elidluliselayo alikwenzi okufunwa sisiqendu (a) okanye (e), uVimba weMali yeSizwe unokuthi enze isigqibo ngezabelo-mali neenkqubo-mida efanelekileyo eseluvavanyo okanye eyeyokugqibela, licingela izabelo-mali ezibonisa okuthile zonyaka-mali ka-2021/22. 35
- (g) (i) UVimba weMali yeSizwe unokuthi enze utshintsho kwizabelo-mali zokugqibela neenkqubo-mida ukuze aqinisekise ukwenziwa kwezabelo-mali ezanelisayo nezizinzileyo neemeko zezibonelelo ezingakhwinisiyo nezingajika-jikiyo.
- (ii) UVimba weMali yeSizwe kufuneka akhuphe isaziso, esibhaliweyo, esiya kwigosa elidluliselayo esazisa ngenjongo yokwenza utshintsho kwizabelo-mali neenkqubo-mida aze ameme igosa elidluliselayo ukuba lingenise amagqabaza abhaliweyo zingekapheli iintsuku ezisixhenxe emva komhla wokwaziswa. 40
- (h) Izabelo-mali neenkqubo eziseluvavanyo nezokugqibela kufuneka zingeniswe zikwimo egqitywe nguVimba weMali yeSizwe.
- (3) UVimba weMali yeSizwe unokuthi ayalele amagosa adluliselayo, amagosa osetyenziso-mali oovimba bemali bamaphondo namagosa amkelayo ukuba angenise izicwangciso nengcombolo yesabelo-mali esixhomekeke kwiimeko, ngendlela egqitywe nguye, ngemihla exeliweyo ngaphambi kokuba kuqale unyaka-mali ka-2021/22. 45
- (4) (a) Ngenjongo yeSibonelelo seeMfuneko-ngqangi seMfundo okanye iSibonelelo Sokuhlaziywa kweZakhiwo zeMpilo kunyaka-mali ka-2021/22, igosa elamkelayo lesebe lephondo elichaphazelekayo kufuneka, kwimo nangomhla ogqitywe nguVimba weMali yeSizwe, lingenise kwigosa elidluliselayo, kuvimba wemali wephondo ochaphazelekayo nakuVimba weMali yeSizwe— 50
- (i) isicwangciso sokulawulwa kokusetyenziswa kwempahla sazo zonke iinkqubo zeemfuneko-ngqangi ithuba lexesha eliyiminyaka eli-10 ubuncinane; 55
- (ii) isicwangciso sokulawulwa kwenkqubo yeemfuneko-ngqangi, kuquka icebo lokuthenga izinto zokwakha zeenkqubo zeemfuneko-ngqangi namaphulo ekucingwa ngawo ukuba aqaliswe lingekapheli ithuba lexesha lenkqubo-mida yenkcitho yexesha eliphakathi; kunye
- (iii) noxwebhu oluchaza ukuba inkqubo yokulawulwa kokunikezelwa kweemfuneko-ngqangi iza kusetyenziswa njani kwiphondo evunywe liBhunga lesigqeba lephondo ngaphambi okanye emva kokuqala kwalo Mthetho ukusebenza. 60

(b) The receiving officer of the relevant provincial department must review the document, referred to in paragraph (a)(iii), and if any substantive change is made to the document during the 2020/21 financial year, the amended document must be approved by the Executive Council of the province before submission to the National Treasury within 14 days after such approval. 5

(5) (a) Any category B municipality may apply to qualify for the Integrated Urban Development Grant, by submitting an application to the Department of Cooperative Governance by 24 July 2020.

(b) The Department of Cooperative Governance must determine the form of the application, including the minimum qualifying conditions. 10

(c) The Department of Cooperative Governance must submit, by 2 October 2020, to the National Treasury for approval, a list of any proposed additional qualifying municipalities and any municipalities that have failed to meet the qualifying conditions to continue to qualify for approval.

(d) A municipality that is informed by the Department of Cooperative Governance that it will qualify for the Integrated Urban Development Grant, must submit to the National Treasury— 15

(i) by 26 March 2021, a first draft of its three-year capital programme and the 10-year Capital Expenditure Framework to the Department of Cooperative Governance; and 20

(ii) by 31 May 2021, the final versions of its three-year capital programme and the 10-year Capital Expenditure Framework, which must be evaluated by the Department of Cooperative Governance after consultation with relevant stakeholders.

Transfers before commencement of Division of Revenue Act for 2021/22 financial year 25

28. (1) Despite the Division of Revenue Act for the 2021/22 financial year not having commenced on 1 April 2021, the National Treasury may determine that an amount, not exceeding 45 per cent of the total amount of each—

(a) equitable share in terms of section 4(1), be transferred to the relevant province; 30

(b) equitable share in terms of section 5(1), be transferred to the relevant municipality;

(c) allocation made in terms of section 7(1) or 8(1), as the case may be, be transferred to the relevant province or municipality. 35

(2) An amount transferred in terms of subsection (1)(c) is, with the necessary changes, subject to the applicable framework for the 2020/21 financial year and the other requirements of this Act, as if it is an amount of an allocation for the 2020/21 financial year.

CHAPTER 5 40

DUTIES AND POWERS OF MUNICIPALITIES, PROVINCIAL TREASURIES AND NATIONAL TREASURY

Duties of municipalities

29. (1) (a) In addition to the requirements of the Municipal Finance Management Act, the accounting officer of a category C municipality must, within 10 days after this Act takes effect, submit to the National Treasury, the relevant provincial treasury and all category B municipalities within that municipality's area of jurisdiction, the budget, as tabled in accordance with section 16 of the Municipal Finance Management Act, for the 2020/21 financial year, the 2021/22 financial year and the 2022/23 financial year, except if submitted in terms of any other legislation before the end of the 10-day period. 45 50

(b) The budget must indicate all allocations from its equitable share and conditional allocations to be transferred to each category B municipality within the category C municipality's area of jurisdiction and disclose the criteria for allocating funds between the category B municipalities.

(b) Igosa elamkelayo lesebe lephondo elichaphazelekayo kufuneka liluqwalasele ngokutsha uxwebhu, ekuthethwe ngalo kwisiqendu (a)(iii), kuze kuthi ukuba kwenziwe utshintsho olukhulu kuxwebhu kunyaka-mali ka-2020/21, uxwebhu olwenziwe utshintsho luvunywe liBhunga lesiGqeba lephondo ngaphambi lungeniswe kuVimba weMali yeSizwe zingekapheli iintsuku ezili-14 luvunyiwe. 5

(5) (a) Nawuphi na umasipala wodidi B unokwenza isicelo sokuba afanelekele iSibonelelo soPhuhliso lwaseziDolophini Oludityanisiweyo, ngokungenisa isicelo kwiSebe loLawulo lweNtsebenziswano engekabethi uJulayi 24, 2020.

(b) ISebe loLawulo lweNtsebenziswano kufuneka lenze isigqibo ngemo yesicelo, kuquka imiqathango eyeyona iphantsi yokufanelekela. 10

(c) ISebe loLawulo lweNtsebenziswano kufuneka lingenise, engekabethi uOktobha 2, 2020, kuVimba weMali yeSizwe ukuze luvunywe, uludwe lwabanye oomasipala abacetywayo abafanelekayo kunye noomasipala abangahlangabezananga nemiqathango yokufaneleka yokuqhubeka befaneleka ukuba bavunywe.

(d) Umasipala owaziswa liSebe loLawulo lweNtsebenziswano oza kufanelekela iSibonelelo soPhuhliso lwaseziDolophini Oludityanisiweyo, kufuneka angenise kuVimba weMali yeSizwe— 15

(i) engekabethi uMatshi 26, 2021, umbhalo oseluvavanyo wokuqala wenkqubo yakhe yemali yeminyaka emithathu neNkqubo-mida yakhe yeNkcitho Ephambili ewungenisa kwiSebe loLawulo lweNtsebenziswano; aze 20

(ii) engekabethi uMeyi 31, 2021, angenise imibhalo yokugqibela yeenkqubo zakhe zemali zeminyaka emithathu neNkqubo-mida yakhe yeNkcitho yeMali yeminyaka eli-10, ekufuneka iphononongwe liSebe loLawulo lweNtsebenziswano emva kokubonisana nabathabathi-nxaxheba abachaphazelekayo.

Iimali ezidluliselweyo ngaphambi kokuba uqale ukusebenza uMthetho Wokwahlulwa kweNgeniso wonyaka-mali ka-2021/22 25

28. (1) Nangona uMthetho Wokwahlulwa-hlulwa kweNgeniso wonyaka-mali ka-2021/22 ungaqalanga ukusebenza ngoEpreli 1, 2021, uVimba weMali yeSizwe unokwenza isigqibo sokuba isixa-mali, esingekho ngaphezu kwama-45 ekhulwini semali iyonke— 30

(a) yesabelo esanelisayo ngokwecandelo 4(1), sidluliselwe kwiphondo elichaphazelekayo;

(b) isabelo esanelisayo ngokwecandalo 5(1), sidluliselwe kumasipala ochaphazelekayo;

(c) isabelo-mali esenziwe ngokwecandelo 7(1) okanye 8(1), sidluliselwe kwiphondo elichaphazelekayo okanye umasipala. 35

(2) Ukuba isixa sesabelo-mali, esenziwe ngokwecandelwana (1)(c), eso sixa, kubekho nje utshintsho olunokuthi lufuneka, silawulwa yinkqubo-mida esebenza kuloo meko yonyaka-mali ka-2020/21 nezinye iimfuneko zalo Mthetho, ngokungathi sisixa sesabelo-mali sonyaka-mali ka-2020/21. 40

ISAPHLUKO 5

IMISEBENZI NAMAGUNYA OOMASIPALA, OOVIMBA BEMALI BAMAPHONDO NOVIMBA WEMALI WESIZWE

Imisebenzi yoomasipala

29. (1) (a) Ukongezelela kwiimfuneko zeMunicipal Finance Management Act, igosa losetyenziso-mali likamasipala okudidi C kufuneka, zingekapheli iintsuku ezili-10 uqalile ukusebenza lo Mthetho, lingenise kuVimba weMali weSizwe, kuvimba wemali wephondo ochaphazelekayo nakubo bonke oomasipala abakudidi B abakummandla ongapantsi kwegunya laloo masipala, uhlahlo-lwabiwo-mali, oluthiwe thaca ngokuvumelana necandelo 16 leMunicipal Finance Management Act, lonyaka-mali ka-2020/21, unyaka-mali ka-2021/22 nonyaka-mali ka-2022/23, ngaphandle kokuba lungeniswa ngokokutsho komnye umthetho wepalamente ngaphambi kokuphela kwethuba lexesha eliziintsuku ezili-10. 45 50

(b) Uhlahlo-lwabiwo-mali kufuneka lubonise zonke izabelo-mali ezisuka kwisabelo salo esanelisayo nezabelo-mali ezixhomekeke kwiimeko emazidluliselwe kumasipala ngamnye okudidi B ongapakahi kummandla olawulwa ngumasipala okudidi C luze ludandalazise iimfuneko ekusekelwe kuzo ulwabiwo lweemali phakathi koomasipala abakudidi B. 55

(2) A category C municipality that is providing a municipal service must, before implementing any capital project for water, electricity, roads or any other municipal service, consult the category B municipalities within whose area of jurisdiction the project must be implemented, and agree, in writing, which municipality is responsible for the operational and maintenance costs and the collection of user fees. 5

(3) A category C municipality must ensure that it does not duplicate a function currently performed by a category B municipality and must transfer funds for the provision of services, including basic services, to the relevant category B municipality that is providing municipal services, despite the fact that—

(a) the category C municipality retains the function in terms of the Municipal Structures Act; and 10

(b) a service delivery agreement for the provision of services by the category B municipality on behalf of the category C municipality has not been concluded.

(4) A category B municipality which is not authorised to perform a function in terms of the Municipal Structures Act may not extend the scope or type of services that it currently provides, without— 15

(a) entering into a service delivery agreement with the category C municipality which is authorised to perform the function in terms of the Municipal Structures Act; or

(b) obtaining authorisation to perform the function in terms of the Municipal Structures Act. 20

(5) (a) A category C municipality and a category B municipality must, before the commencement of a financial year, agree to a payment schedule in respect of the allocations, referred to in subsection (1)(b), to be transferred to the category B municipality in that financial year, and the category C municipality must submit the payment schedule to the National Treasury before the commencement of the financial year. 25

(b) A category C municipality must make transfers in accordance with the payment schedule submitted in terms of paragraph (a).

(6) (a) The National Treasury may withhold or stop any allocation to the category C municipality and reallocate the allocation to the relevant category B municipalities if a category C municipality fails to— 30

(i) make allocations referred to in subsection (1)(b);

(ii) reach an agreement envisaged in subsection (2); or

(iii) submit a payment schedule in accordance with subsection (5)(a). 35

(b) The following provisions apply to the withholding or stopping of an allocation in accordance with paragraph (a):

(i) Section 216 of the Constitution;

(ii) in the case of withholding an allocation, section 18(4)(a), with the necessary changes; and 40

(iii) in the case of stopping an allocation, section 19(2)(a), (3), (4) and (5) with the necessary changes.

(c) If an allocation is stopped in terms of this subsection, the National Treasury may, after consultation with the transferring officer, determine that a portion of the allocation that will not be spent, be reallocated to one or more municipalities, on condition that the allocation must be spent by the end of the 2020/21 financial year or the 2021/22 financial year. 45

(7) A municipality must ensure that any allocation made to it in terms of this Act, or by a province or another municipality, that is not reflected in its budget as tabled in accordance with section 16 of the Municipal Finance Management Act, is reflected in its budget to be considered for approval in accordance with section 24 of the Municipal Finance Management Act. 50

Duties and powers of provincial treasuries

30. (1) A provincial treasury must reflect allocations listed in Part A of Schedule 5 to the province separately in the appropriation Bill of the province. 55

